


# KUKUPHUMA KWELANGA

 Masithobe iintloko zethu. Nkosi, njengokuba sihlange ne apha ngale ntsasa intle yePasika, sibona amathupha amancinane ezivelisa, iinyosi zibhabha zingena zifumana eyazo inxaxheba, iintaka zicula ngokungathi iintliziyo zazo zizakugqabhuka luvuyo, ngokuba ikho iPasika. Siyakholwa ukuba Wena wamvusa uYesu kwabafileyo, kwiminyaka emininzi eyadlulayo, namhlanje, kwaye sivuyela lo mhla wesikhumbuzo.

<sup>2</sup> Makubekho ke iPasika phakathi kwethu, namhlanje. Sanga thina, njengabakhonzi baKho, singaliqonda iLizwi laKho, lokuba sasikubudlelane naYe ngoko, nokuba ke ngoku sivuke kunye naYe saye sihleli kunye kwiindawo zaseMazulwini.

<sup>3</sup> Sikelela inkonzo ekulo mnquba, nangaphaya kwimihlaba eya kuyo, ngale mfono-mfono.

<sup>4</sup> Philisa abagulayo nababambekileyo. Yanga ingayiPasika kubo, kananjalo, imfuduko yokusuka ekuguleni ukuya emandleni. Nabo bafileyo kwisono nesiphoso, banga bangaphila namhlanje ngoKristu. Yaye siyakuKudumisa, kuba oko sikucela eGameni laKhe. Amen.

<sup>5</sup> Ngenene ndilibalela ekuthini licham elimangalisayo eli, ngale ntsasa ukubuyela apha eJeffersonville, e-Indiana, ndibe kunye neli bandla likhulu, inkonzo izele kumiwe ngeenyawo, kujikeleziwe nangaphandle, nakwiindawo zokumisa iinqwelo nakuyo yonke indawo. Kuni bantu baseminxebeni kwesi sizwe sisonke, yintsasa entle apha.

<sup>6</sup> Ngentsimbi yesihlanu ngale ntsasa, umhlotyana wam onesifuba esibomvu ubhabhe waya efestileni wandivusa. Kwakhangeleka ngokungathi intliziyo yakhe izakugqabhuka, esithi, “Uvukile.” Ndahlala ndicinga ngale ntakana ngokuthi ingumhlobo kum, ngokuba ndiyayithanda.

<sup>7</sup> Njengokuba intsomi isithi ngayo, “Intaka encinane emdaka yaMbona ebulaleka emnqamlezweni, apho isono sasiMbeke khona.” Kakade, intakana leyo yayingenasono. Akuzange kufuneke ukuba afele loo ntakana. “Kodwa yabhabha yangena emnqamlezweni yazama ukuncothula isikhonkwane, ngomlonyana wayo, yaze yasitsho sabomvu sonke isifuba sayo.” Yindlela endifuna sibe yiyo esam, naso, njengekhaka, lokuzama ukukhusela le Nto izukileyo Wafela yona.

<sup>8</sup> Siqonda ukuba ixesha lethu lifutshane apha, ingakumbi kwabo bahlobo baphulaphule ngalo mnxeba, ndingathanda ukutsalela umdla wenu ngale ntsasa ku—kumfanekiso owathi wathatyathwa kwixeshana elidlulileyo ngekhamera, wombono

endawufumanayo apha emnqubeni, wokushiya i-Indiana, ukuya e-Arizona; apho ndandiza kuhlangukhona khona neeNgelosi ezisixhenxe, zikwimo yephiramidi. Ndingazi ukuba kwakuya kwenzeka ntoni na emva koko, ndakufika apho, ndicinga ukuba yayisisiphelo sobomi bam, kuba kwakungekho mntu wayenokumelana noloo dubulo; kwaye ndiqinisekile ukuba ninonke niliqhelile elo bali. Ke ngoko kuMwonyo iSabino, ngentsasa ethile enjengale, xa ndandisemthandazweni, kwabakho ikrele elafakwa esandleni sam, kwathiwa, “Eli liLizwi, neKrele leLizwi.”

<sup>9</sup> Emva kwethuba, iiNgelosi zavela njengoko kwakuprofethiwe. Kwaze kwathi ngelo xesha linye, inqumba enkulu yokuKhanya yesuka apho ndandimi khona, yenyuka ngamashumi amathathu eemayile ukuphakama esibhaka-bhakeni, nesangqa esijikelezileyo, njengempiko zeeNgelosi ezo, yazoba into emile njengephiramidi esibhakabhakeni kwakwelo qela leeNgelosi lavelayo.

<sup>10</sup> Inzululwazi yawuthabatha loo mfanekiso, konke ukuya kutsho eMexico, njengoko kwahambayo ukusuka eMntla-Arizona, apho uMoya oyiNgcwele wathi ndandiyi kuma khona, “kumashumi amane eemayile emntla-mpuma Tuscon.” Kwaya kungena esibhaka-bhakeni ke, waze ulindi-nyanga iLife wawukhupha loo mfanekiso, “into engummangaliso kude lee esibhakabhakeni, apho kungenakubakho kunyakama khona, apho kungenakubakho kwenzeka kwamiphunga okanye nantoni na; kumashumi amathathu eemayile ukuphakama, nakumashumi amabini anesixhenxe eemayile ukunqumla,” kwabe kusuka kanye kuloo ndawo zazikuyo ezo Ngelosi.

<sup>11</sup> Ngoku, babuza, befuna ukwazi. Inzululwazi, enye yazo eTuscon, yafuna ukwazi nangayiphi na intsingiselo, kodwa andizange ndiyixelele. Niyazi nonke nina, nayixelelwa kwangaphambili. Kodwa yayingeyoyazo; yayiyeyenu.

<sup>12</sup> Ke ngoko Wathetha nam apho, esithi, “AMatywina aSixhenxe aza kuvulwa. Imfihlelo ezisixhenxe, imfihlelo ephindwe kasixhenxe yeBhayibhile, ebivaliwe ukususela ekusekweni kwehlabathi, iyakutyhilwa.” Sabe thina, siliqela elincinane elithobekileyo, xa sithelekiswa nehlabathi, siye saxhamla ezi ntsikelelo, nokuva ezo mfihlelo. UMtshato, ukuqhawulwa kwawo, imbewu yenyoka, yonke loo mibuzo yahlukeneyo, ityhilwe ngokupheleleyo kuthi, kungenguye umntu, koko nguThixo ngokwaKhe, othe wavula ezo mfihlelo zisixhenxe; zokuba laliyintoni na iBandla, ukuba LalikuKristu ekuqalekeni nokuba Liyakutyhilwa ngomhla wokugqibela.

<sup>13</sup> Ke ngoku, ekunyukeni kwako ke, sinawo lo mfanekiso phaya ngaphandle phezu kwelitye elihombisileyo. Kodwa, ngoko, ndinawo umfanekiso lowo ulapha, ukuba uyakuqaphela, njengoko ulindi-xesha iLife yawukhuphayo.

Kodwa ingaba aba bantu bandiphulaphuleyo, babonakalayo apha, ngenene bakhe bakhangelela kulo mfanekiso, bawubone, bawubone, ngendlela ekumelwe bawubone ngayo.

<sup>14</sup> Niyakukhumbula, ndandishumayela apha xa lo mbono wafikayo, ngengongoma eseNcwadini yeZityhilelo, apho abagwebi bakudala, apho sabona khona uYesu kwiZityhilelo 1. Xa saqalisayo ukuvula aMatywina aSixhenxe...okanye i—okanye iZigaba zeBandla, gxebe, kanye phambi kokuvulwa kwaMatywina aSixhenxe. UKristu wayemi ene “nwele ezifana noboya, zimhlophe.” Ndaze ndayicacisa ngokuyichaza loo nto kuni, ukuba iijaji zakudala zamaNgesi, nabagwebi abangengobakudala kakhulu, ekungeneni kwazo esihlalweni, ukuba zifungiswe, zinikwe igunya lazo elongamileyo. Zazinxiba iwigi emhlophe, njengokuba wawunjalo, kwintloko zazo; ukubonisa igunya lazo elikhulu.

<sup>15</sup> Ke, ukuba uyakuwujika *kanje* lo mfanekiso ujonge, ningawubona ngokucacileyo nilapho esihlweni, nguKristu. Ningawabona amehlo aKhe ekhangele *apha*, ngokucace kangangokuba enokuba nako; enxibe iwigi emhlophe yoBungangamsha obuKhulu enguMgwebi wawo wonke amazulu nomhlaba. Niyawabona amehlo aKhe, impumlo, umlomo waKhe? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Niwujike nje umfanekiso *kule*, indlela ababewumise ngayo; *ngale* indlela, indlela omelwe kukuba yiyo. Yaye u...Uyawubona? [“Amen.”] UnguMgwebi owoNgamileyo. Akukho wumbi ngaphandle kwaKhe. Kwaye loo nto isisibonakalaliso esigqibeleleyo kwakhona, ubungqina bokuba lo Myalezo uyiNyaniso. Yinyaniso. Oko ke kuMenza ukuba angabi soSiqu sesithathu, koko siSiqu ekukuphela kwaso!

<sup>16</sup> Ngenxa yobo bumhlophe, 'yabona, uyakubona okumnyama, ubuso baKhe, iindevu zaKhe, namehlo aKhe. Kwaye qaphela, Ukhangele...Kuphuma kuYe oku kuKhanya kukhanyisa ngakwicala lasekunene, elo Ajonge ngakulo. Kuze kunqamleze, kukwelo cala Ajonge kulo, ngasekunene, apho Waxolela khona umoni. EkuKhanyeni kovuko lwaKhe, sisahamba kuko eGameni laKhe.

<sup>17</sup> Ndiyanqwena, ngale ntsasa, ukuba ndibe bendinexesha elininzi eli—elinokuchithwa kwezi zenzeko zisisimanga zingaphaya kwawo nawaphi na amathandabuzo, ezithe zaqondakalaliswa kule minyaka ingamashumi amathathu idlulileyo, okanye kumashumi amathathu anesihlanu eminyaka, kanye apha kweli bandla; ukususela ezantsi phezu komlambo, xa kwa oko kuKhanya kwehlayo apha eJeffersonville ngowe-1933, kwathetha loo mazwi, “Njengokuba uYohane umBhaptizi wathunywa ukuza kwandulela ukuza kokuqala kukaKristu, uMyalezo wakho uyakwandulela okwesibini.” Sikwixesha lesiphelo, kwaye siyayibona loo nto. Siye simangaliswe ngamanye amaxesha

ukuba kutheni na ungasasazwanga kwihlabathi lonke; mhlawumbi ngelinye ixesha siyakuba nethuba lokuyicacisa loo nto, ukuba uThixo uthandle.

<sup>18</sup> Ngoku ndifuna ukuba nityhile e—eziBhayibhileni zenu, njengoko sihlala sikholwa ekubeni iLizwi limelwe kukuba yinto yokuqala, ukufundwa kweLizwi. Ndihlala ndiLifunda, ngokuba Lilo... Amazwi am alilizwi lomntu, ayakusilela; kodwa iLizwi likaThixo alinakuze lisilele.

<sup>19</sup> Ngoku siza ku—kufunda kwiZibhalo eziNgcwele, ingongoma. Ndifuna ke nityhile, kuqala, kwindawo ezintathu eBhayibhileni, endikhethe ukufunda kuzo. Enye yazo ikwiZityhilelo, isahluko so-1, nomqolo we-17 nowe-18; apha kulapho Wavela khona ene “Nwele zaKhe ezimhlophe njengoboya; neenyawo zaKhe zifana nobhedu.” Kwakhona ke ndifuna nifumane, kwiiBhayibhile zenu, amaRoma 8:11. Ndikhethe, ngale ntsasa, iindawo ezintathu zokufunda, kwiZibhalo eziNgcwele, ukulungiselela uMyalezo wam namhlanje, ethe iNkosi yawubeka entliziyweni yam malunga novuko. Ke ngoku ndifuna ukuba nenze njalo, kananjalo, uMarko 16:1 ne-2. Ndiyakuwukhupha apho u—umxholo wam.

<sup>20</sup> Ngoku iZityhilelo 1:18, sifunda la Mazwi, 17 ne-18.

*Ndithe ndakumbona, ndasuka ndawa ezinyaweni zakhe ndaba njengofileyo. Waza wabeka isandla sakhe sokunene phezu kwam, esithi kum, Musa ukoyika; Mna ndingowokuqala nowokugqibela:*

*Ndinguye odla ubomi, ndaye ndifile; yabona, ndingobudlayo ubomi kuse emaphakadeni asemaphakadeni, Amen; ndinazo nezitshixo zelabafileyo nezokufa.*

<sup>21</sup> NakumaRoma isahluko se-8 nomqolo we-11, sifunda.

*Ukuba ke uMoya walowo wamvusayo uYesu kwabafileyo umi ngaphakathi kwenu, yena owamvusayo uKristu kwabafileyo uyakuyenza iphile nemizimba yenu enokufa ngaye uMoya wakhe omiyo ngaphakathi kwenu.*

<sup>22</sup> Ke ngoku kuMarko isahluko se-16, isahluko sovuko, isahluko se-16, imiqolo yo-1 nowe-2.

*Yakubon'ukuba idlule isabatha, ooMariya waseMagadala, unina...noMariya unina kaYakobi, noSalome, bathenga ubulawu, ukuba beze bamthambise.*

*Bathi kwakusasa kakhulu ngolokuqala usuku lweveki, beza engcwabeni liphumile ilanga.*

<sup>23</sup> Ngoku, itekisi yam yale ntsasa, ndifuna ukuthabatha okomxholo: *Kukuphuma Kwelanga*. Ukuze ingongoma, ndifuna ukusebenzisa, “aMandla avuselelayo.”

<sup>24</sup> Ngoku, uyazi, mhlawumbi benisiva kunomathotholo nabalungiseleli abahlukeneyo bethetha. NoMzalwana wethu obekekileyo uNeville ngale ntsasa ethetha ngeyakhe ingongoma yePasika, ngovuko. Ndaze ndacinga ukuba mhlawumbi ndingathanda u—ukuyithabatha ngendlela eyahluke kancinci, ndingazami kuphikisa, koko ikukongeza nje kancinane, mhlawumbi ndiyivele kwelinye icala, ukulungiselela nina. IZibhalo, yonke indlela ezivelwa ngayo zihamba nayo iZibhalo, Sihlala njalo sibabaza uYesu Kristu. Awunakuyibaleka loo nto, nakanjani na. Sihlala sibhengeza Yena njalo.

<sup>25</sup> Ngoku, njengokuba ihlabathi namhlanje li—likwinkonzo yesikhumbuzo, okanye, ubuncinane, e-United State nakweli cala lomhlaba, ngale ntsasa, ezinkonzweni nakuyo yonke indawo, kuvuyelwa isikhumbuzo so—solona loyiso lukhulu bakhe banalo abantu.

<sup>26</sup> Ndiyacinga, njengokuba uMsindisi ekufeni kwaKhe, okanye eselusana ekuzalweni kwaKhe, Wayenganakuze abelapha kungengako ukungena emhlabeni. Ke ekufeni kwaKhe, ngokuqinisekileyo Wasicamagushela izono zethu. Kodwa nangoko, zibe ninzi iintsana ezincinane ezilungileyo ezazalwayo, kwaye babebaninzi abantu ababulalekayo bafela izinto zenene, kodwa akuzange kubekho namnye owayenokuzivusa kwakhona kwade namhlanje.

<sup>27</sup> Ngoku, leyo yeyona veki ibalulekileyo kwezembali, owona mvuyo mkhulu walo lonke ixesha, lePasika kulapho Waqondakalisa oko Wakuthethayo. Abantu bangazithetha izinto, kodwa asizezo kumelwe ngenene kukholelwe kuzo, ngokupheleleyo, zide zibe ziqondakalisiwe ukuba ziyiNyaniso. NjengoThixo, Owathi, “Zicikideni zonke izinto; nibambelele kwezo zilungileyo,” Akanakunixelela into Angenakuyenza ngokwaKhe. Ngoko Waqondakalisa ukuba yayinguBani na lowo wafela izono zethu.

<sup>28</sup> Ke, ngoku, asiyomini yesikhumbuzo nje kuphela, yazo zonke ezi ntyatyambo zinkulu zePasika, neminqwazi yePasika, nemivundla epinki, njalo njalo, esithe sangena kuyo, nokuvuya okungcwele; ntoleyo ilungileyo, koko le asi-yonto yenene ngolo hlobo.

<sup>29</sup> Njengokuba abantu namhlanje bezama ukuthi, “Simelwe kukuthi sihlambe iinyawo zethu kanye ngonyaka, ngo—ngoLwesine, size ngoLwesihlanu sidle umthendeleko,” nazo zonke iimfundiso ezahlukeneyo ze...Baxoxisana ngokuba kumele ukuba ibe *lotu* suku na okanye *oluya* suku, okanye imelwe kukuba ibe lusuku lwesabatha na okanye usuku lokuqala lweveki; okanye...Zonke ezi zinto zizithethe nje ngokulula. Yintoni enokunceda yona nayiphi na kuzo kuwe, nokuba ube nalo na Ixesha leNzila okanye awuwabanga naxesha leNzila, ukuba akukho Bomi kuwe? Sisikhumbuzo nje

kuphela. Zona, akukho nto ichasene nazo, kodwa ngokuqinisekileyo baziqhubile izithethe zabo, kodwa bashiya eyona nto ingundoqo.

<sup>30</sup> USathana akakhathali nokuba ungokhonza kangakanani na, okanye uyiqhuba kakuhle kangakanani na iMfundiso yaKho. Ukuba uphose obo Bomi, awusayi kuvuka, nakanjani na. Akunamsebenzi nokuba ungokhonza kangakanani na, ulunge kanganani na, zingaphi na iinkonzo obengowazo okanye oyakuba ngowazo, oko akusebenzi nento enye ngaphandle kokuba ube uzelwe ngokutsha.

<sup>31</sup> Ngoko ke, ukuba uThixo wamvusa uYesu kwabafileyo, ingaba Wamvusa Emvusela isikhumbuzo? Yona le ntsasa yovuko ingaba kuphela yi—yimini enye enyakeni, okanye usuku oluthile esithi ngalo sivuyele oku? Okanye, singabancedi kuvuko lwaKhe? Luthetha ntoni kum? Luthetha ntoni kuwe? Ngoku siyakholwa, ngokholo, ukuba Wavuka kwabafileyo, kodwa loo nto inakuthanani nam? Ngoko kwakukwiminyaka engamawaka amabini eyadlulayo.

Ngoku ukuze sifumane lo mxholo!

<sup>32</sup> Njengokuba bendidiniwe, ingalo yam ibuhlungu, ziinaliti ebendizinikwe ngumongikazi. Kuba, ndizakunduluka ukuya phesheya kolwandle ngoku, njengoko nisazi, kwiintsuku ezimbalwa, kwaye kunyanzelekile ukuba ndikufumane oko kuhlatywa, unyana kunye nam. Njengokuba kukho isifo sorhudo, isifo sikalubhelushe, nayo yonke into, bendidinwe ngenene, indigulisa loo nto. Ntoleyo, uKesare ufuna ukuba ufumane oko kutofwa ngaphambi kokuba uye kungena kwezinye izizwe. Ke Yena wathi, “Nikelani izinto zikaKesare kuKesare, kodwa ngoko nikelani kuThixo izinto zikaThixo.”

<sup>33</sup> Bendihleli apho ke, ndicinga ukuba ndingathetha ngantoni na kwesi sihlwele silindeleyo ngale ngale ntsasa; endinombulelo kakhulu ngaso, ingamadoda nabafazi abanokubeka ubomi babo bulungelelane noko uyakukuthetha. “Ndingayenza njani loo nto? Ndingathatha ntoni ukuze ibe ngomxholo?”

<sup>34</sup> Kwaze kwathi ndisahleli apho, sendisondele ekuhlelweni bubuthongo, ucango lwam lwangxola, phaya ngaphandle kwicala langaphambili lendlu. Kungekho mntu apho ngaphandle kwam, ngokokwazi kwam. Ndamamela. Andayiqonda kakuhle loo nto. Emva komzuzwana, yalucango lwegumbi elingaphantsi, apho ndiya khona ukuya kwigumbi lam lokufundela, lwangxola, kwakho umntu ohleli eshukumisa ucango. Ndaze nda—ndaya emnyango ndavula ucango, yaye, ndamangaliswa, ya—yabe iyentle, encinane, enenwele ezilubhelu, intombazana enamehlo aluhlaza imi apho, yakhangeleka ngathi yintyatyambo yePasika encinane; ehleli apho ijonge kum ngoku.

<sup>35</sup> Yandinika ikhadi. Yabe i...Kakade, ndiyaqonda ukuba ukufika kwam ekhaya kuyakube kukho amakhadi ePasika, nezinto ezinjalo; kodwa ekuphela kwalo, ekumnkeni kwam ekhaya, endilifumeneyo lelo. Yaze yathi, “Mzalwana Branham, eli lisuka kutata nam.” Yabe ifuna ukuqiniseka ukuba u”nam” imfakile. Kwaye ngutata wayo onesifo samathambo, ohleli kwisitulo esinamavili, othumele eli khadi. Ndathi ndakulithabatha ndibulele kweso sthandwa sincinane, njengokuba sijika simnka apho emnyango, ndalivula elo khadi.

<sup>36</sup> Kwindlela ebelimi ngayo elo khadi ndifumene kuyo umxholo wam. Kuba, kwelo khadi bekukho uMarko oNgcwele 16:1 ne-2, ilanga liphumile, ilanga beliphuma. Ndaze ndacinga ngaloo nto. Yaze ngoko ingongoma yo “kuvuselela” kukaYesu Kristu ngokuba evukile kwabafileyo, ndayikhupha apho ingongoma yam.

<sup>37</sup> Ngoko, ilanga, ekuphumeni kwelanga. Ke, ngoko ke kwakukho ixesha apho ihlabathi lalihleli kubumnyama obupheleleyo. Kwakusenyanyeni kulo, kuselubala. Yaye laligutyungelwe ngamanzi, lihleli apho ebumnyameni, lilusizi, likumoya wokudakumba. Kwaye uMoya kaThixo wahamba phezu kwamanzi, waze wathi, “Makubekho ukukhanya.” UThixo wayenesizathu sokwenza loo nto, kuba ezantsi ngaphantsi kwaloo manzi kwakukho iimbewu Awayezityalile, kwaye loo mbewu yayimelwe kukufumana ukukhanya kwelanga ukuze kuyenze iphile.

<sup>38</sup> Ke ukuKhanya kokuqala ekwathi kwaphiwa umhlaba yayiliLizwi likaThixo elithethiweyo. UkuKhanya kokuqala okwakhe kwabetha umhlaba yayiliLizwi likaThixo elithethiweyo. Wathi, “Makubekho ukuKhanya,” kwakho ke ukuKhanya. Loo nto yatshintsha ubumnyama yakukuKhanya, ukuze kuvelise indalo yovuyo nobomi phezu komhlaba. Ngoko, uMoya kaThixo njengokuba Wawuhamba unothando nemfesane, ngaloo mini inkulu, imini yokuqala yokuthi chapha kwendalo phezu komhlaba; ilanga laphuma latshayela ukunqumleza, imitha yalo, lawomisa amanzi esuka phezu komhlaba, lenza umoya ojikelezayo phezulu. Kwaye, okokuqala, lalisizisa uvuyo nobomi emhlabeni, ngembewu. Yayililixa elibalulekileyo elo.

<sup>39</sup> Kodwa, owu, yayingeyonto leyo, koko kuphuma kwelanga, njengokuphuma ngaloo ntsasa yePasika. Ngeli thuba, ilanga lixhuma lingena esibhaka-bhakeni, lavelisa ukuphuma kwelanga okukokona kubalulekileyo kwakhe kwakho; ngokuba kwafika indaba ezizezona zibalulekileyo noko kuphuma kwelanga, kunokuba kwenzekayo ekuphumeni kwelanga kwasekuqalekeni. Oku kuphuma kwelanga kwezisa iindaba zokuba, “Uvukile! Uvusiwe kwabafileyo, njengoko Wathembisayo. Uvukile kwabafileyo.”

<sup>40</sup> Ngexesha lokuqala ilanga laphuma kwiGenesis, lalisizisa umyalezo wokuba kuzakubakho ubomi phezu komhlaba, ubomi obubhubhayo.

<sup>41</sup> Kodwa ngeli xesha, xa laphumayo ilanga, kwabakho u—ukuphuma kwelanga okuphindwe kabini; nelinye, iLanga liphuma. Yayiku...yayingekokuphela kwelanga s-u-n eliphumayo, yayingu S-o-n unyana ovukileyo ukuze azise uBomi obunguNaphakade kuyo yonke iMbewu yedinga kaThixo awathi ngokwazi kwaKhe kwangaphambili wayibona ilele phezu komhlaba.

<sup>42</sup> Babungasenakuze u—ubomi besityalo buphile apho ekuqalekeni kwes-u-n ukuze ibuphilise; nanjengokuba, namhlanje, ngeli thuba oonyana bakaThixo baphezu komhlaba, ngenxa yokuKhanya koS-o-n ukubangenisa kuBomi obunguNaphakade. Abakhethiweyo bakhe Awabanyula ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Wabanyulela kuYe ngaphambi kokusekwa kwehlabathi.

<sup>43</sup> Ke ngentsasa yePasika, ngoko, kulo mhlaba kwindawo ethile kwakulele imizimba yethu ngelo xesha, kuba siluthuli lomhlaba. Kwaye eZulwini, kwakukho iNewadi yesikhumbuzo, ke zonke iimpawu ezizibonakaliso zaKhe zazikuYe, esazi ukuba ngokuba lo Nyana kaThixo wavukayo, Uyakuvusela eBomini wonke unyana owayemiselwe ngenxa engaphambili kweli xesha libalulekileyo. Wayesazi ukuba iyakuba njalo loo nto. Kwaye yayikukuphuma kwelanga okusuke ngakumbi kangakanani oko kunoko kwasekuqalekeni, ngelo xesha kwaqala ngalo ukuthi chapha.

Ngoku, ngokukwaphulwa kweTywina lePasika kubalulekileyo!

<sup>44</sup> Ngoku, namhlanje sinesifo sephepha, itywina lePasika. Abantu bathumela umyalezo, omnye komnye, ukuze baxhase le ngxowa-mali okanye inkqubo, ukwenzela oogqirha nenzululwazi yezamachiza ukuba isebenze ngento ethile, ukubambezela okanye ukunceda kwisifo sephepha. Zitywina ezo zinto, lento siyibiza ngokuba litywina lePasika, xa sithumela umyalezo omnye komnye. Kodwa xa samnkela umyalezo, eloo tywina liyaphulwa, ngokuba itywina lilo elinomyalezo osongelwe ngaphakathi kulo.

<sup>45</sup> Ke ngoku, iTywina lenyaniso lePasika, ngoku kuphuma kwelanga, laphulwa; yaze imfihlelo, uBomi emva kokufa, batyhilwa. Ngaphambi kwelo xesha, sasingazi. Ihlabathi laliqundene ebumnyameni, laliphampatha lijikeleza, umntu... ukukrokra. Izicengelezo ezaziphakathi kwentliziyo yomntu, izinto ezenziwe ngesithethe. Abantu babenqula izithixo. Babenqula ilanga. Babenqula zonke iintlobo zezithixo. Nazo zonke iintlobo zabantu ezazinamabango, bebonke ke bayakungena engcwabeni, baze bahlala engcwabeni.



<sup>46</sup> Kodwa iTywina lenene liqhekeziwe, waze Lowo waKhe waphila njengoko siphila, wafa njengokuba sizakufa, waze wavuswa kwabafileyo. Yayiyenjani intsasa! Akukho injengayo, kuyo yonke imbali yehlabathi. Imfihlelo yenziwa yazeka eyokuba Wayekuko kokubini uvuko noBomi.

<sup>47</sup> Kwaye Wathi, xa Athe wavuka ngaloo ntsasa, “Ngokuba Ndisidla ubomi, niyakudla ubomi nani.” Wayengeyondlalifa nje Yena yovuko, kodwa naloo Mbewu yayithembele kwidinga elikhulu likaThixo yayiyinxalenye yolo vuko lokuya eBomini. Ngokuba Wathi, “Ngokuba Ndisidla ubomi, niyakudla ubomi nani.” Yayikukuqhekezwa kweTywina ke oko. Ngokuba Wavuswa, ukuze wonke umntu okuKristu avuswe kunye naYe.

<sup>48</sup> Ngokukuphuma kwelanga kuzukileyo ke, uThixo waqondakalalisa, okanye wangqinela iLizwi laKhe. Konke ukudakumba namathandabuzo awayehamba-hamba ezingqondweni zabantu asuswa, ngokuba yayinguYe Lowo wakhe waphila, wadla, wasela, wanobudlelane noluntu, waze wathi, “Ndinegunya lokububeka phantsi ubomi baM; negunya lobuya ndibuvuse.” Ke ngoku akazange Enze elo bango nje kuphela, koko Waliqondakalalisa ukuba liyiNyaniso. Owu, yinto ezuke njani leyo!

<sup>49</sup> Ndiqinisekile ngale ntsasa ukuba nkqu thina, thina sikholwayo kuyo, asinako ukuyiqonda ukuba yayiyinto ebaluleke kangakanani na leyo. Ngokuba Wavuka kwabafileyo, nathi sele sivukile kwabafileyo, ngenxa yokuba sasikuYe.

<sup>50</sup> Qaphela ngoku. Njengokuba ungewalazi lwaluwugubungele umhlaba, nembewu zazingenakuphila ngaphandle kokuba us-u-n ilanga liphume, babe ubumnyama buwugubungele umhlaba. Ke ngoku uS-o-n wavuka, baze bonke ubumnyama banyamalaliswa koku kuKhanya, njengokuba Kwathi chapha kwanqumla ezizweni, kusiya ebantwini, oko kukuthi, “Akakho apho Uvukile!” Enjani—Enjani yona ingxelo! WayeLiqondakalisile elaKhe iLizwi. WayeLiqondakalalisile ukuba Lona, liyinyaniso, kuba ngoku Wayekoyisile ukufa, elabafileyo nengcwaba.

<sup>51</sup> Ubutriniti bomtyholi; ukufa, elabafileyo, nengcwaba; kuba uSathana uyimbangi yokufa, nguye umnini sihogo, nengcwaba ngokunjalo. Kwaye obo yayibubutriniti bukaSathana busenziwa yinto enye, leyo ke yayikukufa. Ngokufa, uya engcwabeni; ngenxa yokuba ungumoni ke, uye esihogweni. Iyonke loo nto ikwayinto enye, bubutriniti bukaSathana, obabukukufa. Ekwakubambeke umntu ebukhobokeni yonke le minyaka.

<sup>52</sup> Kodwa ngoku ubutriniti benyaniso bukaThixo, ngenxa yokuba eMnye ebonakalaliswe kuKristu, OwayebuBomi, waze waqhekeza aMatywina waloyisa utshaba wavuka, uThixo omnye ophilileyo oyinyaniso. “NdinguLowo wayefile, ndaye Ndingobudlayo ubomi kuse emaphakadeni asemaphakadeni,

ndinazo nezitshixo zokufa nezelabafileyo.” UThixo, ekuBunye, enziwe uMntu, wahlala phakathi kwethu, woyisa lonke utshaba. Waze waqondakalalisa ukuba ubutriniti bukaSathana baboyisiwe, nokuba ubutriniti bukaThixo bazeka, kuba nguThixo yedwa onamandla okubuyisela uBomi kwakhona. Yayinguye loo Emanuel. UThixo wayebonakalaliswe esenyameni.

<sup>53</sup> Akumangalisi ukuba abe Wayenokubanga phaya, kuMateyu isahluko sama-27, “Lonke igunya eZulwini nasemhlabeni linikelwe esandleni sam. Ndinithuma ukuba nibe ngamangqina aM, kulo lonke ihlabathi.” Wayoyise kokubini ukufa, nesihogo nengcwaba. Akazange Enze loo nto kuphela; waphuma oyisile, enalo lonke igunya eMazulwini nasemhlabeni. Konke okwakunguYise, konke okwakunguMoya oyiNgcwele, nako konke okwakhe kwakho, kwakukuYe. “Lonke igunya eZulwini nasemhlabeni linikelwe kuM.” Yonke enye into ayinamandla. Wayeyoyisile.

<sup>54</sup> Ngoku! Ke ngoko, asiyiloo nto kuphela, Wathumela iLizwi kubadisipile baKhe, abakholwayo baKhe. “Musani ukoyika, kuba NdinguLowo wayefile, ndaye ndidla ubomi kude kube ngunaphakade. Ndinazo izitshixo zokufa nezelabafileyo; sele ndikoyisile. Musani ukuba soyika, kuba bonke abamiselwe ngenxa engaphambili, iMbewu kaThixo emiselwe ngenxa engaphambili iyakuza eBomini kwakuthi thaa oko kuKhanya kunqumleze umhlaba, kweVangeli ezukileyo. Kwisigaba ngasinye, Iyakuvelisa isityalo uThixo ayimisele ukuba Isivelise.” Wayevukile kwabafileyo.

<sup>55</sup> Owu, yinto emangalisa kanjani leyo, “Ndiphilile, okanye ndivuselelekile.” Elo gama lithetha, igama *ukuvuseleleka*, ligama lesiGrike elithetha into ethile “eyenziwe yaphila emva kokuba ifile.”

<sup>56</sup> Njenge—ngembewu engena emhlabeni, imelwe kukuba ife, intwana nganye yaloo mbewu. Imelwe kukuba ife, yonke intwana yaloo mbewu. Kwaye yonke intwana yobomi, obebukuloo mbewu, imelwe kukuba ivele kwakhona.

<sup>57</sup> Wa “vuselelwa.” Ingekokuphela kwaloo nto. “Ndiyakuthumela obo Bomi baNdivuselelayo, aMandla awaNdikhupha engcwabeni, NdiyakuWathumela phezu kwenu, ukuze anivuse, ukuze apho Ndikhoyo Mna nibe khona nani.”

<sup>58</sup> KuLuka, isahluko sama-24, ivesi yama-49. Wathi, “Yabonani, Ndithumela idinga likaBawo phezu kwenu; hlalani ke, okanye lindani, kuwo umzi iYerusalem, nide nambathiswe aMandla aphuma eNyangweni.” Ukubonisa ukuba akazange Akhuphe kuphela yonke inzuzo kuwo, koko Wafumana isabelo kuloo nzuzo.

<sup>59</sup> Weza kuhlanguka, okanye ukuza kuzisa eBomini, loo Mbewu yayimiselwe ngenxa engaphambili wathi uThixo wayibona

ngaphambi kokusekwa kwehlabathi wabhala amagama abo kwiNcwadi yoBomi. Naba ke bephezu komhlaba, bengenathemba; Wayengazelanga kuba yiNtsikelelo kuphela, kodwa ezokwahlulelana ngeNtsikelelo nayo yonke iMbewu emiselwe kwangaphambili. Ngoku, ukuba iMbewu yayingekho phezu komhlaba, yayingenakuphila. Kwanyanzeleka ukuba ibe phezu komhlaba, ize intshule kananjalo. Kungenamsebenzi nokuba lithuba elingakanani na Igcinwe emnyameni, Iyakuphuma xa uS-o-n ayakukhanya phezu kwaYo. Qaphela ngoku, Weza kwabelana nathi ngaYo.

<sup>60</sup> Yiloo nto iVangeli izindaba ezilungileyo nje. Igama uVangeli lithetha “iindaba ezilungileyo.” Iindaba ezilungileyo, zantoni? Ukuba indoda yafela thina, ziindaba ezilungileyo ezo. Ukuba uKristu wazalwa, ziindaba ezilungileyo ezo. Kodwa akuzange kubekho zindaba, akuzange kubekho zindaba zifana nezi ndaba, zokuba, Lowo Wabeka idinga ulingqinele idinga. Ngoku, “Uphila ngonaphakade, enazo izitshixo zozibini ezokufa nelabafileyo, esandleni kuYe.” Ithunzi lasuswa lemka. Akuzange kube sabakho thunzi linokubonwa, kuba uNyana wayephumile engwabeni. Kwakungasekho, “Ke, Uzakufika, kungenjalo Usenokufika.” Wayeselefikile, iVangeli, iindaba ezilungileyo!

<sup>61</sup> Qaphela, kwa uMyalezo weVangeli kanye, ngokwaWo, ngowokuqondakalalisa ebantwini ukuba Uvukile. “Hambani niye kuxelela abafundi baM ukuba Ndivukile kwabafileyo, ndaye Ndiya kuhlangu nabo, ukuqinisekisa loo nto kubo.” Owu Thixo, indlela ekuya kubakho ngayo kulo mhla wokugqibela ukuKhanya kwakhona kunqumleze umhlaba! “Ndaye Ndiyakuqondakalalisa kubafundi baM! Hambani niye kubaxelela ukuba Andifanga, kwaye Andisosithethe, koko ndinguKristu ophilileyo. Ndiyakuhlangu nabo. Thabathani lo Myalezo niwuse kubafundi baM, wokuba Ndivukile kwabafileyo,” iVangeli, iindaba ezilungileyo.

Uthi, “Injalo loo nto?”

<sup>62</sup> KumaHebhere 13:8 ithe, “Isekwanguye izolo, namhlanje, nangunaphakade.” Thina, zindlalifa zaKhe, sizakuqondakalalisa uBomi baKhe ukuba bukuthi ngoku, iindlalifa zobu Bomi. UBomi, ekungekho bomi bakhe baphilwa bufana nabo; Yena wayenguNyana kaThixo. Waze Wafa, loo nto ke yabuvalela ngaphandle; kodwa ekuvukeni kwaKhe kwakhona kwabafileyo, ngentsasa yePasika, ngoko thina, njengabakhonzi baKhe, siyalelwe nguYe ukuba siye kulo lonke ihlabathi sise ezi ndaba zilungileyo kuye wonke umntu, zokuba Uyaphila. Singayenza njani ke loo nto ngeLizwi kuphela? Kuba kubhaliwe, “IVangeli ayizanga ngaLizwi lodwa, koko nangamandla nokubonakalaliswa koMoya oyiNgcwele, ukuqondakalisa ukuba Uyaphila.”

<sup>63</sup> Ngoku, ukuba kukho enye iVangeli, njengoko uPawulos wathethayo kwelinye laloo maqela, “Ndimangalisiwe kukuba nibe niguqukele kwenye ivangeli.” Ekungekho iyenye ke, koko ivangeli yokholo lokuzenzisa, niye kwintsomi yobuhlelo, nemnka kwezo ndaba zilungileyo.

<sup>64</sup> “Kwaye ngenxa yokuba Ndisidla uBomi, niyakudla ubomi nani. Kwaye Mna ndingaphakathi kuni, nemisebenzi endiyenzayo Mna,” uYohane 14:12, “Imisebenzi endiyenzayo Mna iyakubonakalalisa Mna ndikuni.” Ngonjani uMyalezo lowo! Akumangalisi, sithe sanehlabathi elinobumnyama lentetho yengcingane, kodwa ngexa langokuhlwa kuyakufika ukuKhanya kwakhona. Kuyakubakho uvuko ngexa langokuhlwa. Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa.

<sup>65</sup> Ngoku, kwa umongo waloo Myalezo wathunyelwayo, wokuba, “Uvukile kwabafileyo,” thina baziindlalifa zaKhe, thina bahlulelene naYe ngovuko, sinenzuzo esiyifumanayo kulento, ngokuqondakalalisa kwihlabathi ukuba Uyaphila. Asinakuyenza ngalizwi kuphela loo nto. Asinakuyenza ngasithethe sithile somntu. Singayenza kuphela ngokubonakalalisa ngokuchanekileyo loo nto sikhomba kuyo.

<sup>66</sup> Ndilusizi namhlanje kuba abaninzi kakhulu kuthi abazami kusa abantu kuKristu. Sizama ukubafaka kwibandla elithile, kwintetho nje yengcingane. Kodwa simelwe kukubasa kuKristu. Nguye okuphela kwaKhe, nokuphela kwaKhe onoBomi. “Lowo unaye uNyana unoBomi.”

<sup>67</sup> Kwaye ukuba ubomi bomntu ofileyo bukhutshelwe kuwe, uyakuphila kwa obo bomi wabuphilayo.

<sup>68</sup> Ukuba igazi lomntu lwaluluhlobo oluthile, uze uthabathe igazi komnye umntu utshintshele igazi lomnye umntu lingene komnye, ngokuqinisekileyo uyakuba lolo hlobo lwegazi.

<sup>69</sup> Kwaye ukuba umoya wakho ongaphakathi kuwe ubalelwa ekubeni ufile, uze ufumane intambiso yoBomi obabungaphakathi kuKristu, ibe phezu kwakho! AmaRoma 8:11 athe, “Ukuba uMoya owamvusayo uKristu kwabafileyo, uhleli ngaphakathi kwenu, Uyakuyiphilisa kwangokunjalo imizimba yenu enokufa,” kwa obo Bomi bunye, loo mandla manye, kwa ezo zinto zililifa, ezo Wayenazo apha emhlabeni, zisuka kuThixo. Wakuhlangula, iMbewu eyaziwa kwangaphambili nguThixo, abo bamagama ayebhalwe kwiNcwadi yoBomi yeMvana ngaphambi kokusekwa kwehlabathi.

<sup>70</sup> Noko kuKhanya kweVangeli yovuko, ukungqinelwa kweLizwi! Sazi njani ukuba Yena wayenguKristu? Ngokuba wakuqondakalalisa oko ngoko Wayethetha ngako. Ndiyakuwazi njani uMyalezo weli lixa? UThixo uyakuqondakalalisa Akuthembisileyo, kwaye Uyathetha ngako. Naso isibonakalaliso, sokuba thina siziindlalifa kunye naYe eluvukweni. Uyakuqondakalalisa oko Athethe ngako.

71 Oko Wathembisa ukukwenza kuKristu, Wakuqondakalalisa eluvukweni. Oko Wathembisa ukukwenza ngemihla kaMoses, Wakuqondakalalisa. Oko Wakuthembisa ngemihla ka-Enoki, Wakuqondakalalisa. Kuyo yonke imihla yabapostile, Wakuqondakalalisa.

72 Ngoku ngalo mhla, Uqondakalalisa oko Wakuthethayo, ngokuba abo bayinxalenye yaloo Mbewu yayimelwe eNcwadini yoBomi wathi Wabuyela ukuyihlangula ibuyele kuThixo kwakhona. Owu, onjani uMyalezo!

73 Ngentsasa yePasika, akazange Avuke nje kuphela, koko iindlalifa zaKhe zavuka kunye naYe. Yena. . .ZazikuKristu ekubethelelweni kwaKhe. ZazikuYe ekuvukeni kwaKhe. Thina siziindlalifa zaKhe, ezivusiweyo ekubeni zazifile ebumnyameni.

74 Ihlabathi elinobumnyama bokungakholwa, apho amabandla namahlelo, nezinto ezinjalo, zathi zasikhupha khona. Kwaye kukho into ethile ngaphakathi kwethu ebizayo, "Owu, sifuna uThixo! Silambeke sinxanelwe uThixo." Sajoyina amaWisile, amaBhaptizi, abakwaMoya, amaRhabe, nayo yonke enye into, ukanti kusekho into ethile engekalungi, asibanga nakuYifumana okwangoku. Kwaze kwathi ngequbuliso, ngeli thuba besisaphampatha ebumnyameni, uvuko olukhulu lweza kuthi ekubonakalalisweni kweLizwi likaThixo ledinga.

75 Njengokuba, Yena wayesisibonakalaliso seLizwi likaThixo elibekwe ngedinga. "Andiyi kuwushiya umphefumlo waKhe kwelabafileyo, noyiNgcwele waM Andiyi kuMnikela ekuboneni ukubola." WaLibonakalalisa, lonke iLizwi likaThixo elalithenjiswa kuYe. Waliqondakalalisa xa Wavukayo ngentsasa yePasika.

76 Ngoku, abo babephampatha ebumnyameni bejikeleza yonke indawo, ukuba banokuhlamba iinyawo zabo *ngale* mini, okanye ukuba bangacina imini ethile, okanye benze imithetho ethile, zonke ezo zinto zedlula. Kuba, kwabakho uvuko olunobuqaqawuli elade leyisa yonke into eyenziwe ngumntu. Awakhe umntu wayenza, sonke isizathu esenziwa ngumntu.

77 Akuzange khe kubekho, kwade kwalelo xesha, indoda eyathi yabubeka phantsi ubomi bayo yaze yabuchola kwakhona. Wadela weyisa oko kuqondakalalisa kwenzululwazi babenako, ngokuvuka kwakhona.

78 Xa besitsho, ukuthi, "UYesu Kristu ayisekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade," besithi, "Amandla akhe akayiyo into enye," bathi, "IVangeli yaKhe ayisekwayileyo inye," ngeli thuba iBhayibhile ithi Ikwayinto enye! UThixo wadela weyisa lonke ihlelo, yonke imfundiso, waze Wahambela phambili ngoMoya oyiNgcwele waKhe, njengoko Wathembisayo, waze Waqondakalisa oko kuthi, ukuba Uphilile.

<sup>79</sup> Singabo baxhamla uvuko lwaKhe sivusiwe ekubeni sasifile ehlabathini, kwisono nakwizigqitho. “Usivuse kunye naYe, sivuke kunye naYe, ngoku sihleli kwindawo zaseMazulwini kuKristu Yesu.” Ukuzisa kwakhe. . .

<sup>80</sup> UMoya waKhe uzisa kwa obo Bomi bunye kwakhona phezu komhlaba. “Ukuba uMoya kaThixo, owamvusayo uKristu,” umzimba, umzimba onentambiso; ukuba uMoya kaThixo wawuthambisa lo mzimb kangangokude, xa lo Mbewu yawa yangena emhlabeni, Akabi nakuYiyeka Iphumle nje apho. Hayi. Wamenza Waphila waMvusa. “Loo Moya mnye,” kwangaloo misebenzi, kwangaloo Mandla, kwangaloo miqondiso, “ukuba ungaphakathi kuwe, Uyakukuvusa kwangokunjalo.”

<sup>81</sup> Ndingathanda ukunifundela iSibhalo esincinane apha. Ndingathanda ukuba nityhile kwesinye iSibhalo endisibhale apha. Singaninceda kancinane. Sifumaneka kwiNcwadi yeLevitikus, isahluko sama-23, ivesi ye-9 ukuya kweye-11. Phulaphulisisa. Emthethweni, umthetho wabaLevi, uThixo ethetha kuMoses. Phulaphula. Zonke ezi zinto ziyimizekelo ngoku, kwaye sizakuma apha okwemizuzwana ukuze singene kulo mzekelo.

*Wathetha uYEHOVA kuMoses, esithi,*

*Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi kubo, Xa nithe. . . nafika kulo ilizwe endininika lona, . . .*

<sup>82</sup> “Kuyiwa endaweni, ukubekwa ngokwendawo, endithe ndaninika yona. Ngoku uthethe nabantwana bakaSirayeli, ukuba xa nithe nafika kule ndawo ithile Ndinithembise ukuba Ndiyakunisa kuyo, nakufika apho kweli lizwe.” Ngoku ithetha ngezinto ezizezale mveli apha, izekelisa ezomoya.

*. . . navuna isivuno salo (namnkele oko Ndinixelele ngako), nozisa kumbingeleli isinda lokuqala lesivuno senu:*

*Alitshangatshangise isinda phambi koYEHOVA, ukuze linikholekise: alitshangatshangise umbingeleli ngengomso emva kwesabatha:*

<sup>83</sup> Ukuba kwakuzakubakho naliphi na itheko elingwele, lalimelwe kukuba ngomhla wesabatha, owawungumhla wesixhenxe weveki, nguMgqibelo ke lowo. Kodwa uqaphele, kwesi sikhumbuzo, sokuba litshangatshangiswe ngosuku lokuqala lweveki?

<sup>84</sup> “Isithungu esasisesokuqala sakho kwimbewu oyihlwayeleyo, sakufikelela ekuvuthweni, wawusisika esi sithungu usithathe usise kumbingeleli. Umyeke ke asithathe asitshangatshangise phambi kweNkosi, esenzela ukwamnkeleka kwakho, ukuze wamnkeleke. Nguwe oze nesithungu sakho, yena ke uzakusitshangatshangisa phambi kweNkosi, ngo. . .”

<sup>85</sup> Hayi ngesabatha, umhla wesixhenxe; koko ngomhla wokuqala, esiwubiza ngokuba yiCawe, S-u-n-d-a-y.

<sup>86</sup> Kakade ligama le-lesRoma elo, elithetha ukuba babewubiza ngokuba ngumhla welanga ngenxa yesithixo selanga. Kodwa indlela eguquke ngayo loo nto!

<sup>87</sup> Ayisengo-s-u-n ngoku. Ngu-S-o-n-d-a-y, ngumhla kaNyana, apho kwathi olwaa khozo lweNgqolowa (Owokuqala kaThixo ukuvuka kwabafileyo) umelwe kukutshangatshangiswa phezu kwebandla, kuba siyiMbewu yaKhe: kwaye leyo yeyokuqala kwiMbewu yabo baleleyo, itshangatshangise ngomhla wokuqala weveki. NgeCawe, Wavuka. Wasiphakamisela isandla esithi sala kakuhle, wenyukela eNyangweni, emehlweni abantu.

<sup>88</sup> Qaphela, Yayilukhozo lokuqala lwengqolowa kaThixo olwathi lwavuswa kwabafileyo, ukhozo lokuqala lweNgqolowa kaThixo. NgaMandla avusayo kaThixo, uThixo wayeluvusele kuBomi baKhe, waMvusa kwabafileyo, kwaye Waba lulibo lokuqala kwabo babelele, uLibo lokuqala. Yayinguye eso Sikhwebu.

<sup>89</sup> Yiyo loo nto kwakufanele ukuba batshangatshangise eso sikhwebu, kuba yayisesokuqala esifikelele ekuvuthweni. Kwaye sasitshangatshangiswa njengesikhumbuzo sokunika umbulelo kuThixo, kukholelwa ekubeni ezinye zizeza. Yayingumqondiso lowo.

<sup>90</sup> Kwaye, namhlanje, ngenxa yokuba wayenguNyana wokuqala kaThixo ukufikelela ekukhuleni, ukuba abe kuThixo, Wakhiwa wancothulwa emhlabeni waze watshangatshangiswa phezu kwabantu. Owu, sisifundo esimangalisa kangakanani eso! NgaMandla ovuko, Owokuqala! Nakubeni, Ethe i—Ethe wazekeliswa; nangamaxesha amaninzi, njengokuba sizakubona ekuhambeni kwethuba, ukuba Wazekeliswa. Kodwa esi ngenene yayisiSivuno sokuqala kwabo babelele. Watshangatshangiswa phezu kweMbewu ebekwe ngedinga eyayingedinga loBomi.

<sup>91</sup> Watshangatshangiswa ngoMhla wePentekoste, “xa kwaphuma isandi eZulwini sitshangatshangisa, njengomoya ovuthuza ngamandla,” waze watshangatshangiswa phezu kwabantu, abantu bangepentekoste ababephaya phezulu kwiPentekoste, belindele iNtsikelelo eyakuza.

<sup>92</sup> Kwaye kuzakutshangatshangiswa kwakhona, siyaqonda, ngomhla wokugqibela, ngokukaLuka 17:30, ngumhla woNyana kwakhona, “ngomhla ayakutyhilwa ngawo uS-o-n Nyana womntu,” okanye atshangatshangiswe phezu kwabantu kwakhona.

<sup>93</sup> Ngoku, nguBani uNyana womntu? “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, uLizwi wayekuThixo, uLizwi enguThixo. Waze uLizwi

wenziwa inyama, wahlala phakathi kwethu.” Kwaye ukuba yonke imfundiso esinayo, nokungqinelwa kweLizwi likaThixo; ngeLizwi likaThixo, ngemiqondiso, ngemimangaliso, esiyibona namhlanje, ukuba kwiNcwadi ka—kaLuka apha, oko njengokuba besicaphula kuyo, okanye u—okanye uLuka isahluko se-17 nomqolo wama-30; noMalaki 4, neZibhalo ezahlukeneyo esiqheleneyo nazo, ukuba elaa Lizwi kwakhona litshangatshangiswe phezu kwabantu, ukuthi izithethe ezifileyo zabantu zifile, abe uNyana kaThixo ephilile kwakhona ngobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele kanye apha phakathi kwethu, abe ephisa ngoBomi.

<sup>94</sup> Njengokuba uKristu Wayengowokuqala ukuvuka kubo bonke abaprofeti, njalo njalo; nakuba kuzekelisiwe kwiindawo ezininzi, WayesiSivuno sokuqala sabo babelele. KuMtshakazi, ekuzeni kukaKristu, uphuma kwibandla, kuyakunyanzeleka ukuba kubekho iSikhwebu esitshangatshangiswayo ngemihla yokugqibela. Owu, bethu!

<sup>95</sup> Ukutshangatshangiswa kwesi sithungu! Yayiyintoni isithungu? Esokuqala esithe safikelela ekukhuleni, esokuqala ukuqondakalalisa ukuba siyiyo ingqolowa, loo nto yayibonakalisa ukuba sisikhwebu.

<sup>96</sup> Haleluya! Ndiqinisekile ukuba niyabona ukuba ndithetha ngantoni na. Sasitshangatshangiswa ebantwini. Kwaye kwixesha lokuqala siyakuvela, ukwenzela isigaba sexesha loMtshakazi, kuba uvuko lokuphuma ebumnyameni bobuhlelo, luyakuba nguMyalezo, obonisa ukuba ukukhula okuzeleyo kweLizwi kubuyile kwakhona kuMandla aKo azeleyo, kwaye kuyatshangatshangiswa phezu kwabantu, kwangaloo miqondiso minye nemimangaliso awayenzayo phaya kudala.

<sup>97</sup> “Ngokuba ndisidla ubomi Mna, nani niya kudla ubomi,” ethetha kwiNkosikazi yaKhe. “Ngokuba ndisidla ubomi Mna, niya kudla ubomi nani.” Yayilolunjani uvuko olo! Kwaye lolunjani uvuko olu, ukuvuswa kwabafileyo, “ukwenziwa uphile kuKristu Yesu,” ngaMandla aphilisayo kaThixo.

<sup>98</sup> Watshangatshangiswa kubo. ILizwi, kuba yayiLilo, latshangatshangiswa kubo kwakhona ngoMhla wePentekoste, iLizwi libonakalalisiwe. Ngoku, njengokuba ndisitsho, Lizakutshangatshangiswa kwakhona ngalo mhla wokugqibela. Ngoku, ngokomzekelo . . .

<sup>99</sup> Uthi, “Ke, ngoku, yima umzuzu, Mzalwana Branham. Ndazi ibandla eliyi . . .” Ke, nam ndiyalazi, okwam. ‘Yabona?’

<sup>100</sup> Kodwa ngoku, ngokomzekelo, bekunokuthini ukuba—ukuba besizakubuyela eTucson ngale njikalanga, ngoku, ukuze mntu ngamnye kuthi abe ne . . . abe ezakuhamba nge—ngeCadillac enkulu, entsha kraca? Zibe zonke izitulo zenziwe ngo—ngofele lwexhamakazi, esona sikhumba sithambileyo, sithambe simnandi ukuhlala kuso; ibe imigangatho yayo



ibengezela; ivili lokuqhuba lolekwe latyatyekwa ngemali ibe inezikhonkwane zedayimane kuyo yonke; ukanti injini ilingiwe ngokwezokukhandwa kwenqwelo ukuba iyinjini eyiyo; namavili abe...enabo bonke ubuxhaka-xhaka obuwagcina ehamba ethanjiswe amafutha; namavili kuqondiwe ukuba akanamingxuma engafufi moya; yonke loo nto ilingalingiwe ngokwenzululwazi.

<sup>101</sup> Sele ityhaliwe ke yakhutshwa kumgeca ehlanganiselwa kuwo, zizombini, zize zombini zizaliswe ngamafutha enqwelo. Ngamandla okuhamba lawo, amafutha enqwelo, ngokuba phakathi kuwo kukho ichiza elibangela ukuba amafutha enqwelo alungele ukuhamba ngakumbi. Kodwa ngoku uthi xa uza kuzidumisa, nakubeni zombini zikhangeleka ziyinto efanayo kanye, kodwa kubekho enye yazo engenayo nentlantsi, ingenawo amandla okuyidumisa.

<sup>102</sup> “Ke,” uthi, “amandla akumafutha enqwelo, Mzalwana Branham.” Kodwa andikhathali nokuba angakanani na amandla akumafutha enqwelo; ngaphandle kokuba kubekho intlantsi yomlilo apho ezakubonakalisa loo mandla, ngaphandle kokuba kubekho amandla apho okungqina ukuba loo nto ngamafutha enqwelo, isenokuba ingamanzi nje ke. Ide...

<sup>103</sup> Akunamsebenzi nokuba kungakanani na okubangwa zizifundiswa zezakwalizwi, niyimise ngendlela kanjani na inkonzo yenu, ingakanani na imfundo onayo, uyithanda kangakanani na iBhayibhile; kude kutshangatshangiswe eso Sikhwebu, ade uMoya oyiNgcwele angene phezu kwalo mntu ukuze avuse elaa Lizwi! Amafutha enqwelo amele iLizwi. LiyiNyaniso; kodwa, ngaphandle kukaMoya, Alisayi kushukuma.

<sup>104</sup> Sisebenze kakhulu ngokuBuxhaka-xhaka asenza nto ngoNdoqo owenza into isebenze. Kusweleke aMandla angawo kaThixo, aMandla ovuko lu-kaYesu Kristu phezu kweBanda, ukuze Abonakalalise enze kubonakele ukuba *La* ngamafutha enqwelo. Isenokuba kwinkonkxa yamafutha enqwelo; ukanti isenokuba ngamanzi nangoko, 'yabona. Kodwa inye indlela yokuyiqonda loo nto, kukuthi, uthabathe obu Bomi ubufake kuyo, kwaye oko Kuyakuqondakala ukuba ngamafutha enqwelo na okanye hayi.

<sup>105</sup> Kwaye xa uzama ukufaka uMoya oyiNgcwele kwihlelo, ufana nokuzama... Uganako ukutshitshiza; uyakuyonakalisa injini yakho, ngokuyizalisa ngomsi.

<sup>106</sup> Kodwa, owu, ndivuya kakhulu ngokuba kukho aMandla eshumi lamawaka amafutha enqwelo, iLizwi likaThixo noMoya oyiNgcwele ukuza kuWalumeka, nokuza kuvusa aMandla kaThixo angene kuBomi bendoda, okanye kubomi bomfazi, okanye kwibandla. Yiloo nto eyatyhala laa Cadillac

yehla ngendlela phaya ngaphesheya, phantsi kwaMandla oqobo kaMoya oyiNgwele owabuya watshangatshangiswa phezu kwabantu ngoMhla wePentekoste, eMenza ukuba ibe kwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

<sup>107</sup> Yayiseso iSithungu sokuqala esathi savela siphuma kubo bonke abaprofeti, esasinguNyana kaThixo, uKumkani wabo bonke abaprofeti.

<sup>108</sup> Abekho amabandla, amabandla, abatshakazi, abatshakazi, amabandla, abatshakazi, abatshakazi.

<sup>109</sup> Kodwa umelwe kukuba abe Mnye! Haleluya! Kunyanzelekile ukuba kufike uMtshakazi onguye! Ufanele ukuba abe Mnye ongenaBuxhaka-xhaka bodwa, kodwa enaye uNdoqo waKo, esenza iBandla elo liphile, lihambe kuMandla wovuko lwaKhe. Side sifike kuloo ndawo, side sifumane loo ndawo. Kunceda ntoni ukosula ubengezelise iindawo eziphakathi emavilini? Kwenza ntoni ukuyenza ibukeke xa uyijongile okanye wenze umsebenzi wokuthenga izikhundla, xa engekho uNdoqo kulo? Akunamsebenzi nokuba bungakanani na uBuxhaka-xhaka obuqondakalalise ukuba bubobulungileyo, kunyanzelekile ukuba kubekho uNdoqo oyakwenza ukuba Busebenze.

<sup>110</sup> Nantso into Awayiqondakalalisayo! Haleluya! Nantsi into eyaqondakalaliswa yiPasika. WayengeloLizwi kuphela, koko WayenguThixo ngokwaKhe, uNdoqo, ekwiLizwi. Nantso into eyenza umzimba kaYesu Kristu (ubanda, uqinile, ufile, usengcwabeni) washukuma wangena eBomini waze wavuka kwakhona, latyhalwa lasuswa ilitye. “NdinguLowo wayefile,” efe kangankokuba nelanga lathi Ufile, inyanga yathi Ufile, iinkwenkwezi zathi Ufile. Yonke indalo yathi Ufile. Ke ngoku ihlabathi lilonke liyaqonda ukuba Uyaphila kwakhona. Wayengebubo uBuxhaka-xhaka bodwa, iLizwi likaThixo, WayenguNdoqo wokuLiqondakalalisa.

<sup>111</sup> Njengokuba Yena, wayenguMyeni, uMtshakazi umelwe kukuvelela, kuba Uyinxenye yaKhe. Yaye unokuba kuKubonakalaliswa kwenzaliseko yazo naziphi na izityhilelo ezathi zathetha ngoMtshakazi; Uyakubonakalalisa kuphela. Ukuba wenze into eyahlukileyo kuMyeni, ayingoMtshakazi. Ngokuba, Yena uyinyama yenyama yaKhe, ithambo lethambo laKhe, uBomi boBomi baKhe, aMandla aMandla aKhe! Yena unguYe! Njengendoda nomfazi ukuba bebanye, yaye umfazi uhlala ecaleni kwayo, Lona, lithabathe uMoya, uMoya wobufazi, ophuma kuYe. Inyama ephuma kwicala laKhe, yenza kokubini uBuxhaka-xhaka noNdoqo, iNkosikazi. UMoya waKhe nenyama yaKhe, wakuhlanganisa oko, wenza uBuxhaka-xhaka noNdoqo. Lide ibandla okanye abantu. . .

<sup>112</sup> Onke la maqebengwana mancinane ePasika, amatheko, neenkonzo ezinkulu, nobuqhele-qhele, ayakusilela adlule.

113 Lide elo Bandla libe kuko kokuBini uNdoqo noBuxhaka-xhaka; uze uMoya kaThixo, owaMhambisayo, ukuba enze izinto Awazenzayo! Ukuba Wabetha ngeshumi elinesithandathu leesilinda, uyakwenza njalo noMtshakazi. Amen! Kuba Yena wathi, kuYohane 14:12, “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza naye. Ndiyakumnika ulawulo kuNdoqo waM, kobo Buxhaka-xhaka bakhe, ukuze ihlabathi lingabinako ukumelana nabo; ndaye ndiyakuMvusa kwakhona ngomhla wokugqibela.” Nanko uMyalezo wePasika, uNdoqo ekunye noBuxhaka-xhaka, kuhlange! UBuxhaka-xhaka ngaphandle koNdoqo, abuloncedo; ngokunjalo noNdoqo, ngaphandle koBuxhaka-xhaka.

114 Ungakhala ukhwaze, uxhume unyuke usihla, yonke into ofuna ukuyenza, uze uphike eli Lizwi, oko akuyi kunceda nto. Ujija nje utshixizisa i-*ipiston* ye...Unayo intlantsi apho yokugqitha, kodwa awunawo amafutha okuyibasela.

115 Iyakusebenza kuphela zakuhlangana ezo zinto. Amen! Ngoko, enye iyakuhlala ithi cwaka, enye ke Iyakunyuka. Nantso into eyenzekayo kuphela. Ukanti, zombini zisenokuhangeleka zifana, zombini zibange ukuba zingamabandla, zombini zibange ukuba zinguMtshakazi. Kodwa Enye inoBuxhaka-xhaka *kunye* noNdoqo, Yenza izinto zenzeke, ezoko Wathi kuyiNyaniso.

116 Ayinakushukuma nje, akunamsebenzi nokuba uBuxhaka-xhaka bulunge kangakanani na, kuyakude kufike uNdoqo. Xa loo Ndoqo efikile, laa Mlilo uyenzeka ukuze uhlangane nelaa chiza lokwenza amafutha enqwelo asebenze kumafutha eenqwelo. Kuze kuthi xa Oko kudubula, kwenze ukushishiza, ukuze oko kushishiza kushukumise yonke intshukumo, konke ukunyakaza, kokuba Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Nalo uvuko. Lawo ngaMandla wenene kaThixo, uBuxhaka-xhaka bukunye noNdoqo. Qaphela, “NguMoya odlisa ubomi.” Yi-YiNtlantsi eqhwithayo. Asingomafutha enqwelo aqhwithayo; yiNtlantsi etshisa loo mafutha. ‘Yabona?’

117 “Awunakwenza nto ngaphandle kwaM; kodwa unaM unokwenza zonke izinto.” Njengokuba Yena eliLizwi, unguBawo ophilayo. “UBawo waNdithuma, ndinithuma ngokunjalo naM. Njengokuba uBawo waNdidubulayo eNdingenisa kuyo yonke into, Ndenza kuphela oko kukholekileyo kuThixo. Ngoku, njengoko waNdithumayo, ndinithuma ninobo Buxhaka-xhaka bunye naM, kwaye kuthabatha obo Buxhaka-xhaka bunye ukusebenza loo Nto. Ukuze le miqondiso ilandelane nabo babanga ukuba banoBuxhaka-xhaka. UNdoqo uyakuthabatha eyaKhe indawo.”

<sup>118</sup> UPawulos wathi, “INdaba ezilungileyo zeza kuthi kungengaLizwi kuphela,” ngamafutha enqwelo kuphela, “koko ngeNtlantsi kananjalo,” ukwenza loo Nto ishukume. Nantso ke. Zeza kuthi ngaloo ndlela.

<sup>119</sup> Ikwanguloo Moya mnye, waMvusayo, wenza ukuba kuphile ikholwa lenyaniso liye kuBomi obunguNaphakade. Ngoku khumbula, xa sesithetha...Ngoku khangela, njengokuba siphuma kwixesha lethu. Qaphela, “kwaloo Moya mnye,” ngoku, kumaRoma 8:1. Ngoku masiyifunde nje kwakhona, amaRoma 8:1, siza kubona ukuba ithini na leyo. Kulungile. Kwaye hayi amaRoma...Ndithetha, 8:11, uxolo.

<sup>120</sup> KumaRoma 8:11, “Kodwa ukuba...” Kukho ingxaki. Nantso ke indawo Abamba kuyo.

*Ukuba ke uMoya walowo (uThixo, uMoya oyiNgcwele) wamvusayo uYesu kwabafileyo umi ngaphakathi kwenu,...*

<sup>121</sup> Ngoku, nantso ke, “Ukuba uMoya woMyeni uhleli ngaphakathi kuMtshakazi!”

<sup>122</sup> Ekwenzeni kukaThixo uMyeni waKhe wokuqala, Wenza umyeni wokuqala, yena ke wayekuko kokubini indoda nomfazi, emoyeni; wambumba ngothuli lomhlaba, ukumenza abe yinto ephathekayo. Yaye qaphela xa Wenza u-Eva, emsusa ku-Adam, Akazange athabathe elinye isuntsu lodongwe, Wamenza kwangeloo suntsu linye lodongwe; iLizwi elikwalinye, kuba u-Adam wayeliLizwi elithethiweyo. 'Yabona? Wamkhupha kuye, waze wathabatha i...Wayenomoya wobudoda nowobufazi. Waze Wathabatha uMoya wobufazi wawususa ku-Adam, wawubeka ku-Eva; ngoko useyinxenye yomoya ka-Adam, yinyama ka-Adam. Ngoko, yayingumoya ka-Adam, undoqo, owathi waphilisa ubuxhaka-xhaka bomzimba wakhe.

<sup>123</sup> Ngoko umtshakazi naye umelwe kukuba yinyama yenyama yaKhe, abe lithambo lethambo laKhe. Ngoko iyakuthini le nyama inokonakala ukuze ibe yinyama yaKhe? Sizakufika kuloo nto emzuzwini, 'yabona. Yenziwa njani? Kanjani? Luyintoni olu tshintsho lukhulu? Qaphela.

*Ngoku ukuba uMoya waLowo (uThixo) wamvusayo uYesu kwabafileyo umi ngaphakathi kwenu, yena owamvusayo uKristu kwabafileyo uyakuyenza iphile nemizimba yenu enokufa ngaye uMoya wakhe omiyo ngaphakathi kwenu.*

<sup>124</sup> Owu, bethu! Abo Bamiselwe ngenxa engaphambili, kakade, njengeMbewu eyalala phezu komhlaba, Abo babenoBomi ngaphakathi kwabo. Abaninzi babo babefile; babeyimbewu nje ebolileyo; amanzi nezinye izinto zabatshisa baphela. Kodwa, uyazi, kwakukho iMbewu eyayilele apho ilungele uBomi. UThixo waYazi ukuba yayilele apho.

125 Ngoku, Abo bamiselwe ngenxa engaphambili ngabokuqala ukwenziwa baphile nguMoya oyiNgcwele, kuba uMoya oyiNgcwele uzela ukubanga AbangaBakhe. Ngoku, yinto enzulu le ngoku, uze uqiniseke ukuba uyifumana kakuhle.

126 Ngoku, njengokuba ilanga lalithunyelwe kumhlaba wonke, lingazelanga kuvelisa amatye, awayelithuli okwawo, eze ebomini, lalingazelanga kuzisa uthuli kubomi, kodwa lalizokuzisa loo nxenye yothuli olwalusongele ubomi.

127 Asingabo bonke abantu abaya kumamnkela uKristu. Owu, hayi. Kodwa ngabo uThixo wabamisela eBomini ngenxa engaphambili, bathe bafakwa ngaphakathi kuthuli lomhlaba, ngaBo Aza kubenza baphile. Ngabo Abo.

128 Ukuze, ngoku, olo thuli luyakuhlala apho elangeni, luze luthi, “Owu, eli langa lakudala lishushu kakhulu!” Elo litye, lithi, “Ilanga elidala lishushu kakhulu!” Kodwa laa mbewu incinane, yathi, “Nantso into endifuna yona,” yaze yaqala ukuxhuma iphuma ingena ebomini. Yavusa loo nxenye yothuli. Ngokuba, ilanga alizange lithunyelelwe ukuza kuphilisa ilitye, lingazanga kuphilisa uthuli, koko ukuza kuphilisa ubomi bembewu.

129 Ngoku, uMoya oyiNgcwele uyangena ngoku. Kakade, Wawungaqikelelwanga. . . Kuyakuthini ukuba ingabi ngabo bonke abantu abaWamnkelayo? Wawungathunyelelwanga bona.

130 Omnye umfo wandixelela, “Andikholwa. Andikhathali nokuba ungathini na. Ukuba ungavusa abafileyo, okanye nantoni na, uphilise abagulayo; loo nto iWuqondakalalise, nangayiphi na indlela; andikakholwa nguWo nangoko.”

131 Ndathi, “Ngokuqinisekileyo awungekhe. Ungongakholwayo. Loo nto ayithethi kwanto kuwe. Yayingathunyelelwanga nokuthunyelelwa wena. Ithunyelwe kwabo baya kukholwa.”

132 UMyalezo uza kwikholwa. Kwabo batshabalalayo, Ububudenge; kodwa kwabo bakuKristu, bayinxenye yaloo Mbewu, UbuBomi.

133 Ibalana lam elingacacanga lomfama owabeka iqanda phantsi, okanye iqanda lokhozi phantsi kweenkukhu. 'Yabona? Olwaa khozi luncinane lwaluthe, ngokuqinisekileyo, lwalu—lwalukhangeleka lungaqhelekanga, isidalwa esincinane. Xa loo mfama wayenzayo loo nto wayenzayo, yokubeka iqanda lokhozi phantsi kwesi sikhukukazi sakudala. Saze saqandusela intshontsho elikhangeleka liphoxekile, kwaye lali—lalingaqhelekanga, umfo omncinane. Wayengakhangeleki njengazo. Iintsiba zakhe zazingafani nezezinye ezo, waze—waze nje. . . Wayengaqhelekanga, umfo omncinane. Kway-e onke amanye amantshontsho enkukhu amqaphela ukuba ngumfo ophoxekileyo. Zaze izikhukukazi zajikeleza. . .

134 Wayengathandi nohlobo lokudla awayesondliwa ngalo. Wayengakuthandi nje oko kuphanda kuloo hoko yeenkukhu. Yena, yena wayengenanto yakwenza naloo nto. Ngoko wamangaliswa kwakutheni ukuze abe ngophoxekileyo nje konke kuloo ndawo, nakanjani. "Yabona? Kwaye wayengazange angcamle nantoni na e...Wayesidla nje ngokwaneleyo ukuze kumgcine ephilile, ngokuba wayengayithandi incasa yaloo nto, 'yabona. Kuba, wayengelo ntshontsho lankuku, indawo yokuqala. 'Yabona?"

135 Ke i—isikhukukazi sasikokoza, ngokuthi, uyazi, "Iintsuku zemimangaliso zidlule. Akukho nto injalo. Joyina icawe." Yayingavakali ngokukuko nje, kulo mfo mncinane. Ngoko walandela ejikeleza neso sikhukukazi kwade ngenye imini umama wakhe. . .

136 Ukhozi oludala lwalusazi ukuba lalibeke inani elithile lamaqanda, kwabe kukho elinye elingekhoyo. Lwalusazi ukuba olo khozi lwalukwindawo ethile, ngoko laqalisa ukuphuma ukuya kufuna lona. Lwaze lwajikeleza phezu kwencopho yentaba, nasezantsi emifuleni, naphezulu kuyo yonke indawo elalinokuba kuyo. Ngeli thuba, yena, yayilithuba lokuba azalwe. Yayilithuba lokuba aqanduselwe aphume. Wathi, "Mhlawumbi ihlungulu lingene lalixwila iqanda lam; mhlawumbi isangxa. Andazi. Ikho into echole iqanda lam. Kodwa ndiyazi...Elaa qanda lisengqondweni yam. Ndinonyana kwindawo ethile. Ndizakumzingela."

137 Wenza njalo uThixo. Ulolo Khozi luKhulu. Ezingcingeni zaKhe Wazi ukuba Uyakuba neBandla. Wayesazi ukuba Uyakuba nabantu. Kunganamsebenzi nokuba bagintyelwe yintoni na, nokuba baqanduselelwa phezu kwantoni na, Uyafuna. Ufuna AbangabaKhe.

138 Kwaze ngenye imini, ibali liyaqhubeka, kolu khozi lwakudala lwabhabha phezu kwehoko yeenkuku. Lwalukhangela kwindawo yonke, laze lamfumana. Owu, olo vuko, ukuqonda nje eneneni ukuba lwalungeyonkuku, ngapha koko. Lwalulukhozi! Yaye lalihleli lifundiswa ukukhangela phantsi, kukhangela isinambuzane okanye into ethile kwihoko yeenkuku. Kodwa leva isikhalo, esathi, "Khangela *apha* phezu ngapha!" Laze lakhangela phezu entla kwalo, kwabe kukho isidalwa esinempiko ezilishumi elinesine leenyawo, sinamandla kunazo zonke iinkuku ezazikho kulo hoko yeenkuku, saze sambanga ukuba ungunyana waso.

Lathi, "Mama, ndingafikelela njani kuwe?"

139 Wathi, "Xhuma nje, qala ukuqhwaba iimpiko zakho, kuba ulukhozi."

140 'Yabona, wayesazi ukuba wayenonyana kwindawo ethile. Kunganamsebenzi nokuba wayekhuliselwe entwenini na, unonyana kwindawo ethile.

141 NoThixo ke uyazi! Haleluya! Unelamiselwa ngenxa engaphambili, iBandla elimiselwe ngenxa engaphambili! Wayesazi ukuba Unoonyana neentombi, noMtshakazi olindileyo kwindawo ethile; xa uMoya oyiNgcwele eqala ukubhabha phezu kwaloo nto, eso Sithungu sokutshangatshangiswa. Owu, bethu! Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Akalobali lithile liyintsomi, koko uyinene!

142 Akunamsebenzi nokuba bangaphi na abazama ukumxelela, “ukhozi,” wayengazi ukuba yintoni na ukhozi. Ukanti, wayelukhozi. Wayengayiqondi kwade kwakho into ethile eyafana naye ngesimo, awathi wayibona ifana naye, gxebe.

143 Kwaye xa sibona, hayi ihlelo lemvaba, hayi iPH.D. hayi i-LL.D., hayi ummelwane olungileyo; koko unyana kaThixo obunjwe ngokomfanekiselo kaThixo, enaMandla aqinisekileyo wenene kaThixo ukuza kuphendula isicelo salo mhla, sokuba isekwanguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade, akusekho sikhukukazi siya kukubamba. Uzingela uMama wakhe. Ulukhozi. Indawo yokuqala. Uyaqaphela. Olo khozi lokwenene luyaluqaphela ubizo lweLizwi likaThixo. Kuba? Lulukhozi. Ukhozi kukhozi! ILizwi ngaphambi kokusekwa, iLizwi kwiLizwi! ILizwi elamiselwa ngenxa engaphambili, kwiLizwi elibhaliweyo lelixo. Uyayiqaphela indawo eyeyakho. Uzingela Yona.

144 Oku ngoko, lomzimba u-ngowomhlaba, uyavuswa uziswe ngokuvusa kukaMoya kaThixo ukuze uthobeke iLizwi likaThixo.

145 Ngokukhawuleza. Wathi xa afuna ukwazi ukuba angaya kufika njani na apho kuye, wayecinge ukuba akangekhe abe nakuyenza loo nto. “Awunakukwazi ukunyukela ngentla kunokuba uxhuma.” Ulintshontsho. 'Yabona?

Kodwa olo khozi lwathi, “Akunjalo oko.”

“Ke, khangela emantshontshweni!”

146 “Akunamsebenzi nokuba ayintoni na amantshontsho, wena ulukhozi. Qalisa nje ukuvula ezo mpiko, ukuze ufumane ukuziqhelisa okuncinane ngazo, qalisa ukushukuma unyuka!”

147 ILizwi kwiLizwi! “Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani. Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza naye yena.” 'Yabona? “Ngokuba ndisidla ubomi, uyakudla ubomi naye.” “Yaye ukuba uMoya owamvusayo kwabafileyo umi ngaphakathi kwakho, Uyakuwenza uphile umzimba wakho.” 'Yabona?

148 Yenza ntoni loo Nto? Ngoku phulaphula, ukuze wazi. Kwaye le Pasika, ndifuna ukuba ithethe ngaphezulu koko yakhe nayiphi na iPasika yakuthetha kuwe. 'Yabona? Ndifuna ukuba uyibone. Siyayazi into Eyayenzayo kuYe; kodwa

ndifuna ukuba uyibone, hayi ukuthi iyakuyenza, koko Ikwenzele kwaloo nto inye nawe. 'Yabona? Yenza ntoni Yona? Ivuselela umzimba onokufa. Lo mzimba ubhubhayo siphila kuwo, Iyawuphilisa, ngamanye amazwi iwungenisa eBomini.

<sup>149</sup> Ngoku, wena wawukade uhamba nje unento enkulu yomgqalakada wesaga emlonyeni kuwe, nayo into, nevumba lemidiza; nani bafazi ebenikade ninenwele ezimfutshane, niqaba, niqhubela phambili, ninxiba iibhulukhwe ezimfutshane, nezinto ezinjengezo; kwathi ngequbuliso, iNto ethile yakhwaza, naze nakhangela apha phantsi yabe IliLizwi. 'Yabona, Lakuvuselela... Wathi, "Andisafuni zibhulukhwe zimfutshane mna, andisafuni tywala mna, akusekho kuxoka, akusekho kuba, akusekho *oku*, *nokuya*." 'Yabona? UMoya owaMvusayo kwabafileyo, uhleli ngaphakathi kuni, uyakuyenza iphile nemizimba yenu enokufa, uthuli lomhlaba, ngokuthobela. Uyabona? Intoni na? Kukuthobela ntoni? UKristu. Ngubani uKristu? LiLizwi. Hayi imfundo yezakwalizwi, koko iLizwi!

<sup>150</sup> Ngoko uthi, ukuba, "Ezi zinto, owu, ndicinga ukuba kulungile kubafazi ukunxiba iibhulukhwe zabafazi."

<sup>151</sup> Ngeli thuba, iLizwi lithe, "Hayi." 'Yabona, Liyakuwuvuselela malunga naloo Nto. 'Yabona? Utsalelwa kuYo. 'Yabona, nguwe, ngoko. Kwenzeka... Uba yinxalenye yeLizwi. Liwuzise umzimba wakho, hayi... .

<sup>152</sup> Ke, uthi, "Ke, ngoku, mandikuxelele into. Umlungiseleli wam..." Andikhathali nokuba utheni na umlungiseleli wakho; koko kuthethwa liLizwi! Ukuba ufuna ukuba lintshontsho lenkuku, hamba kunye nabo. Kodwa umlungiseleli wakho uthetha into eyahlukileyo kweli Lizwi, ngoko akangomondli wamakhozi; ehe, ungumondli weenkuku, 'yabona, hayi amakhozi. 'Yabona? UKhozi ludla uKudla kweenkozi. 'Yabona? Kuyaphilisa!

<sup>153</sup> IBhayibhile ithe kuyinto engalunganga ukwenza oko, nomntu nokunjalo njalo nako konke enikwenzayo, akulunganga. Nithi, "Intsuku zemimangaliso zidlule." IBhayibhile ithe usekwanguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ukuba bathi, "Loo nto lufundo lwengqondo. Kwaye luhlobo oluthile lokufundwa kwengqondo, ukucalulwa kweengcinga. Nayo yonke le mibono nezinto ezinjalo, yimfeketho," 'yabona, bangamantshontsho enkuku. Abakwazi ukuba kuyintoni na uKudla kwamakhozi.

<sup>154</sup> Kodwa, mzalwana, xa usiva eso sikhalo, kukho Nto ithile ngaphakathi kuwe! Ulukhozi, indawo yokuqala. Kuba? Uyilaa Mbewu, luthu uvuko lukaS-o-n nyana lwakhanya kuyo, neSikhwebu esithe satshangatshangiswa phezu komhlaba, ukwenza uqaphele ukuba ulukhozi ungelilo intshontsho lenkuku lehlelo. Uyayibona? Heh!



155 “Ukuba uMoya owaMvusayo kwabafileyo,” iLizwi, iLizwi elinguNdoqo, “lihleli ngaphakathi kwenu, liyakuyenza Iphile le mizimba yenu inokufa.” Ngoku siyinyama yenyama yaKhe nethambo lethambo laKhe njani? Ngokuba, ngokukhawuleza, sithe sakubon’ukuba sisengaboni, abanokufa, abafayo, le mizimba, Lwayiphilisa loo mizimba. Kukuthini *ukuphilisa*? “Kukubuyisela eBomini.” UMoya owawukade uthanda ukusela, ujikeleza esithubeni, ukrexeza, nazo zonke ezinye ezi, uvuselelwe; kuba, loo nto yafa, ube wena uvusiwe. Liwenze waphila umzimba wakho onokufa.

156 Ngoko ke, imizimba yenu iyitempile kaNdoqo, ngokuba (kutheni?) kwa ukusukela ekuqalekeni niyinxenye yoBuxhaka-xhaka. Owu! Nalo uvuko lwakho. Nalo iBandla likuvuko, kunye naYe. Le mizimba khona ngoku yenziwe yaphila. ’Yabona, uvile; wakholwa. Loo nto ikutshintshile ikususa kwihlelo ukuya kwiLizwi. ’Yabona?

157 UNdoqo owenza izinto zisebenze, ukuba Uthe wafika phezu kwamanzi, uyakutshitshiza nje; “Iintsuku zemangaliso zidlule.” Du-du-du, “Owu, ndiyakholwa kwiBhayibhile,” du-du-du, “kodwa apho—apho akukho...” du-du-du! ’Yabona?

158 Kodwa ukuba Uthe wachatha enechiza newaka lamandla okutshisa amafutha enqwelo, “Rhuuu,” imnkile, uyabona. Njani, bethu, nguNdoqo owenza into ihambe echukumise loo Nto! Kodwa ukuba Ubethe kwintshontsho lenkuku, akusayi kunceda nto oko. Kodwa Wakubetha kukhozi, liphuma lihamba. Amen! UNdoqo ekunye noBuxhaka-xhaka! ’Yabona ukuba ndithetha ukuthini na? Oko kukuthi, ukuba umntu ulukhozi lwenene ngoku, uya “kuqonda.”

159 Mandikulinganisele iSibhalo esincinane apha. Ndingca ukuba sesiphumile emnxebeni, kodwa siselapha. KuYohane oNgcwele 5:24 uYesu wathi, “Lowo ulivayo iLizwi laM, akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade.” Ngoku khangela, ndiyahamba ndihle ngesitrato ndi-kuthathe nje njengokuba kunjalo oko, yintoni Leyo, ngaphandle kokuqonda okukokomoya. . . Ndingasenzi sithethe enye into, koko sithethe nje oko Sikuthethayo, ’yabona, igama elililo apho, kwisiGrike, kwesakuqala, lithi, “Lowo uliqondayo iLizwi laM.”

160 Ngoku, ukuqondakalalisa ukuba oko kuyinyaniso. Ndiyehla apha, naku kusiza inxila lihamba ngesitrato, likunye nenkosikazi yenye indoda liyigonile, lithukisa, lithetha ngeGama likaThixo ngelize, nayo yonke enye into enjalo. “Khawutsho, ingaba umvile laa mshumayeli ebeshumayela waza wathi? Umvile?” “Ewe, ndiLivile!” Loo nto ayithethi kuthi linoBomi obunguNaphakade. ’Yabona? ’Yabona?

“Lowo uliqondayo iLizwi laM,” nguye olukhozi!

161 “Ngoku, Mzalwana Branham, ndifuna iSibhalo esisesinye malunga naloo nto.”

162 Kulungile, “Ezam izimvu ziyaliva iZwi laM. Owasemzini azisayi kumlandela.”

163 Njengakwimeko yo-*Mtshato Noqhawulo-mtshato*, ngalaa mini. Xa uMoya oyiNgcwele wayendixelele loo nto, ndeza ndayithetha kanye njengaloo ndlela Wayendixelele ngayo.

164 Inenekazi elithile elingumlungiseleli landigxibha ngokukhulu, ngokundingxolisa okuncinane. Lathi, “Ndinging ukuba uthabatha indawo kaThixo?”

Ndathi, “Hayi, nkosazana.”

165 Lathi, “Ke, ubaxecelele ukuba izono zabo zixolelwe.” Lathi, “Phi?” Lathi, “NguThixo kuphela onegunya.” ’Yabona, omnye umFarisi. ’Yabona?...?...

166 Ndathi, “Uyabona, ukuze wazi, ukuba, uYesu waxelela uPetros nabapostile, emva kokuba wafumana isityhilelo sokuba Yena wayenguBani na.”

WaMxelela esithi, “Wena unguKristu, uNyana kaThixo.”

167 Wathi, “Unoyolo,” ’yabona, “nyana kaYona; inyama negazi azikutyhilelanga Oku, koko nguBawo waM oseMazulwini okutyhileleyo Oko. Ndiyakulakhela phezu kolu lwalwa iBandla laM; amasango elabafileyo akayi kuLeyisa. Ndaye Ndikukunika izitshixo; nantoni na oyibophe emhlabeni, Ndiyakuyibopha eZulwini; okubophe emhlabeni. . .”

168 Seso sityhilelo siNgcwele seLizwi senziwe inyama. Ukuba Yayiyinyama ngaloo mhla ngoNyana, uMyeni, Yinyama namhlanje ngoMtshakazi. ’Yabona? “Nawuphi na enizixoleleyo izono zaKhe, kulowo zixolelwe; nawuphi na enizibambileyo izono zakhe, kulowo zibambekile.”

169 Ngoku, ibandla lobuKatolika lachola loo nto layithathela kubabingeleli balo, kodwa oko yingcinga engokwenyama.

170 Khangela, yayingokomoya, liLizwi elityhiliweyo elayenzayo loo nto!

171 Naso isizathu sokuba abe Wabaxecelele ukuba baye kubhaptiza e “Gameni” loYise, Nyana, Moya oyiNgcwele. Wayesazi ukuba babemazi ukuba UnguBani na.

172 Ndithetha nomshumayeli omncinane ngenye imini, wathi kum, wathi, “Ngoku, Mzalwana Branham, ndiphume ndaze ndajoyina, ndaya kwinkonzo *ethile-thile*, ibandla lakwaMoya.”

173 Apha, kwabakwaMoya ngoku baqalisa ukuhambisa kujikeleziswa iqebengwana elilula, uyazi. Nakhe nayiva loo nto, ndiyaqonda; isonka esingcwele, isithixo senyanga, uyazi. Baze bonke basamkela. Le ndoda yathi. . .I—Ibandla layo lalihambe nayo; yathi, “Oku ndikusikeleleyo kusikelelwe.”

Ngoku, asikwayiloo nto ethethwa ngumpriste, yena “unegunya lokuliguqula libe ngumzimba kaKristu”? ‘Yabona, into eyahluke nje kancinane kwenye leya, ikwayinto enye nje.

174 Waze wathi, “Ndifuna ukukubuza into.” Wayezama ukuphepha umcimbi wobhaptizo eGameni likaYesu, ngokuba le yayiyilaa ndoda yathi yayingumchasi-kristu lowo ndandiwenza. Yathi, “Ucinga ukuba kuyimfuneko kangako ukuba umntu abhaptizwe eGameni likaYesu Kristu?”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

175 Yathi, “Emva kokuba ebhaptiziwe eGameni lo ‘Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele?’”

176 Ndathi, “Ewe, mhlekazi. Akakabhaptizwa, konke. ‘Yabona? Akakabhaptizwa, konke; akukho Gama. Sisihlonipho eso.” Ndathi, “Asamkelwa.” Ndathi, “Kwakutheni ukuze—kwakutheni ukuze uPetros . . .”

177 Yathi, “Ke, ngoku, mandikuxelele into.” Yathi, “Ngoku, kwiZenzo 10:49, yathi, ‘Uthe uPetros esawathetha la mazwi, uMoya oyiNgcwele wabawela.’”

178 “Kodwa,” ndathi, “wajika kanye ngoko wathi, ‘Kukho unako na ukuwalela amanzi ukuba aba bangabhaptizwa?’”

179 Yathi, “Ke, ubuthetha ngaphaya, kwithutyana elidlulileyo, malunga neZenzo 19, apho uPawulos wadlula kumacala asemantla e-Efese, wafumana abo badisipile.” Waze wathi, “Kutheni,” yathi, “babengabhaptizwanga egameni lo Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele.”

180 Ndathi, “Hayi, babebhaptizelwe ‘enguqukweni,’ hayi kuxolelo lwezono. ‘Besisiwa enguqukweni,’ kuba uYesu wayengekaziswa kubo. IDini lalingekaxhelwa.”

Yathi, “Ke, kwakutheni ukuze kufuneke babhaptizwe kwakhona?”

181 Ndathi, “Indoda eyayinezitshixo yathetha oku, ‘kuba makwazeke oku kuni ukuba akukho Gama limbi phantsi kweZulu linikiweyo phakathi kwabantu, enimelwe kukusindiswa ngalo.’”

182 Usindiso kuphela luhamba kwiGama likaYesu Kristu. “Nantoni na enisukuba niyenza ngeLizwi nokuba kungomsebenzi, yenzani izinto zonke eGameni likaYesu Kristu.” Akukho gama limbi, akukho bandla, akukho ziinkokeli zankonzo, akukho zihlonipho, okanye nantoni na eyenye! Ukanti, Yena uyiNtyatyambo yaseSharon, inyibiba yaseZihlanjeni, iKhwezi loKusa, u-Alpha, u-Omega, iSiqalo neSiphelo, uJehovah-jireh,-rapha,-manase, zonke ezo zinto. Uzizo zonke ezo zinto, ukanti Yena . . . Akukho lusindiso kuso nasinye kwezo zihlonipho; *uYehova*, akukho sindiso; *iNtyatyambo yaseSharon*, ukanti Uyiyo, akukho lusindiso; *uYise, Nyana*, okanye *Moya oyiNgcwele*, akukho lusindiso.

Kuphela liGama lika “Yesu Kristu!” Kwaye ngoko iBhayibhile itshilo ukuthi, “Inguquko noxolelo lwezono lumelwe kukufundiswa eGameni laKhe, kuqalelwa eYerusalem, nokuya kwiindawo ezikude zomhlaba.”

Wathi, “Ucinga ukuba inomahluko ewenzayo loo nto?”

<sup>183</sup> Ndathi, “Mhlekezazi, ndifuna ukukubuzisa into.” Inguye nam, nenkosikazi yam, sihleli etafileni. Wesuka nje wajikela, . . . ? . . . ndathi, “Sobabini singabase-Arizona; sihlala apha. Kwaye mna, siyalazi ibhunga lethu, nengingqi yethu, nako konke, nosodolophu wethu, umlawuli, nayo yonke into.”

Wathi, “Ewe.”

<sup>184</sup> Ndathi, “Ngoku, ukuba ndithe ndakuxelela, mzalwana wam, ukuba, ‘Yiya apha usayinele idinala yethu, egameni leRhuluneli yeSizwe sase-Arizona,’ ungangahamba uye kusayina loo nto ngolo hlobo? Ucinga ukuba bangayamnkela loo nto apha etafileni?”

<sup>185</sup> “Kuba,” wathi, “ndiyaqonda abangekhe.” Wathi, “Kwakutheni ukuze uYesu athethe loo nto?”

<sup>186</sup> Ndathi, “Nantsi ke, yabona. Kuba? Ukuba ndikuxelele ukuba yiya ‘usayinele le dinala, egameni leRhuluneli yeSizwe sase-Arizona,’ sibe thina singabemi base-Arizona, sisazi ke ukuba ngubani na iRhuluneli, kuba, ungazi ukuba mawuyisayinele egameni lika ‘Sam Goddard,’ yabona.” Ndathi, “Ngokuba, nguye iRhuluneli yeSizwe andimelwe kukubuzisa. Uyazi ukuba ngubani na iRhuluneli. Kwaye, xa Wathi, ‘Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele,’ Wayesazi ukuba babeyaku-bhaptiza kanjani na. Babesazi ukuba WayenguBani Yena. ‘Izimvu zam ziyaliva iZwi laM.’ Yabona? Yabona?”

Wathi, “Oo, ndiyabona.”

<sup>187</sup> Kodwa ngoku, into elandelayo, ingaba uyakukholwa? Yabona? “Lowo ulivayo iLizwi laM, akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obungunaphakade.” Ukuze xa obu Bomi bunguNaphakade butsha buhleli ngaphakathi kuwe, Buyinto ephathekayo ngokukhoyo.

<sup>188</sup> Xa Wamnkela loo Moya uyiNgcwele ngoku, njengoko benzayo ngePentekoste; babebuBuxhaka-xhaka bokusebenza, ngoku uNdoqo kwakunyanzeleke ukuba afike. Babekholiwe. Uyazi, abahlabo bethu abalungileyo bamaBhaptizi basixelela ukuba, “Sakukholwa, sinaWo.” Kodwa, babengenaWo bona, ukanti babekholiwe.

<sup>189</sup> KwiZenzo 19, babekholiwe, kodwa babengenaWo. “Namamnkela na uMoya oyiNgcwele nakholwayo nje?” Yabona? Benabo uBuxhaka-xhaka obunokusebenza, ngokulungileyo, ngokuba abapostile babe . . . Okanye, ndithetha, u-Apolo wayebafundisile eyiqondakalalisa iBhayibhile,

uBuxhaka-xhaka, bokuba uYesu wayenguKristu, kodwa babengekabi naye uNdoqo wokwenza loo nto isebenze. 'Yabona? Yiyi leyo. Kulungile.

<sup>190</sup> [Sisithuba esingenanto ekhasethini esi—Mhl.]...-xhaka-xhaka, ngokuphathekayo unaso isinyaniso, ukulindela.

<sup>191</sup> Ngoku, wakufumana uNdoqo, uvusiwe koko kufayo ukuya kokungafiyo. Loo nto yenza umzimba uwonke uthobeke iLizwi. Iyakukwenza wenze ngokwahlukileyo, ukhangeleke ngokwahlukileyo, uphile ngokwahlukileyo. Iyakukwenza ube ngowahlukileyo nje.

<sup>192</sup> Ngoku khangela. [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.]...vusiwe. “Nina enanikade nifile kwisono neziphoso, nisebumnyameni, Unidlise ubomi.” Ngantoni? “NgoMoya owavusa uYesu,” ngentsasa yePasika, “kwabafileyo. Kwaye ukuba Uhleli kwimizimba yenu enokufa,” ngoku khangela, “Udlisa ubomi kananjalo, uzisa eBomini, uwenza ukuba ululamele iLizwi.”

<sup>193</sup> Ngoku, ungathini ukubanga ukuba unawo loo Moya, uze uzilahlele kude kwiLizwi? Udliswe ubomi yinto eyenye. Kuba, Uyakuyenza iphile imizimba yenu enokufa kwiLizwi. Ngokuqinisekileyo, Uyakwenza njalo.

<sup>194</sup> Awunakuhamba ngaphandle kwaWo. Uyakujijiza nje, ukuba awukholwa kuLo lonke. Ukuba unenxenye yamafutha enqwelo nenxenye yamanzi, akukho ndawo uyakuya kuyo. 'Yabona? Umelwe kukuyithatha ngokuzeleyo, ingamafutha enqwelo. Ukuba awenzi njalo, uyakuduma ngokudubulayo, ube ungenamandla. 'Yabona? Kodwa ndi—ndiyakholwa *koku*, kodwa andikholwa *Kokuya*,” du—du—du—du. Akukho ndawo uya kuyo.

<sup>195</sup> Kodwa, owu, xa uthe wathabatha inzaliseko! Wenze ukuba iqhwithe kuloo nto, lonke iLizwi liyiNyaniso!

<sup>196</sup> Ngoko qaphela ngoku, njengokuba sivala, qaphela lento. Qaphela, ufana nje nencinane—nembewu encinane ilele emhlabeni.

<sup>197</sup> Ngoku, ngokokuphathekayo, uvusiwe. Uvusiwe xa uthe wamnkela uMoya oyiNgcwele ngaphakathi kwakho. Uvuswe kanye ngelo lixa. Umzimba wakho ngokoko kunokuqondakala uvusiwe.

<sup>198</sup> Khangela imbewu encinane. Yityale emhlabeni. Imelwe kukuba ise le kumthombo waKhe, amanzi avuzayo esihla. Kwaye nje ukuba iwasele, iyenyuka ibhekisa ngakuYe, isiya ifana ngakumbi nembewu eyangena emhlabeni. 'Yabona?

<sup>199</sup> IBandla liza ngaloo ndlela, ephumela kugwetyelo, ungcwaliso, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, ngoku lise kudubuleni. 'Yabona? UMoya kaThixo uphuma kuloo nto.

<sup>200</sup> Kwaye umoya wehlabathi uphumele kumchasi-kristu, kwangendlela enye, ube ngoku uyadubula uyaphuma kumanyano olukhulu lwamabandla, 'yabona, iyonke loo nto.

<sup>201</sup> Nomntu ngamnye ke uza ngolo hlobo. Yonke into isebenza ngendlela enye, kwisikali esinye sikaThixo, kuba Yena isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Qaphela, kweyakho indlela, yokukhulela kwinzaliseko yovuko, ukhokelwa nguMoya!

<sup>202</sup> Njengokuba ilanga, s-u-n, litsala laa mbewu incinane isela kumthombo kaThixo, lihlale liyigcine... 'Yabona, inokusela kuphela kwinto enye. Ukuba ubugalele amafutha phezu kwaloo mbewu incinane kwakanye; ayayibulala. Injalo loo nto. Ukuba ugalela amanzi angcolisekileyo emi ndawonye, amanzi amadala loo nto ayilunganga, iyengcolisekileyo, iyakukuthintela ukukhula. Ayisayi kuthwala siqhamo. Ingaba kunjalo? Kodwa ukuba uthe wagalela amanzi athambileyo wenene angawemvula, amen, akukho Buxhaka-xhaka benziwe ngumntu kuloo nto, wayeke nje ahle evela emazulwini ngasentla, uze ukhangele eso sityalo sincinane. Akukho manzi ayakusikhulisa njengaloo manzi emvula. Ungagalela ikalika nezinto ezinjengayo, njengokuba uzama ukusinyanga ngazo, kwaye, into yokuqala uyazi, loo nto iyasibulala isityalo.

<sup>203</sup> Nantso into eyingxaki namhlanje. Bazama ukubapha amanzi avela kumthombo wehlelo, ayakuthintela ke ukukhula. 'Yabona? Kodwa mababenze bafumane a . . .

Yiza apho amathontsi ombethe enceba  
akhanya khona;  
Akhanye ngokusingqonga imini nobusuku,  
UYesu, ukuKhanya kwehlabathi.

Ngoko uwafumene, ngoko.

Siyakuhamba ekuKhanyeni, ukuKhanya  
okuhle,  
Kuvela apho amathunzi ombethe wenceba  
akhanya khona;  
Akhanye nje ngokundingqonga.

<sup>204</sup> Thabatha le mithombo yenziwe ngabantu imnke kum! Akukho mthombo wumbi ndiwaziyo; akukho nto ingelilo iGazi likaYesu! Nanko kuphela umthombo endifuna ukuwazi. ILizwi malihlale kum, Nkosi; Linkcenkeshele ngoMoya waKho.

<sup>205</sup> Qaphela, ngoku, ukuba uMoya owamvusayo uYesu engcwabeni umi ngaphakathi kwenu, xa sesithetha ninoBomi; nikhokelwa nguMoya, oya kwenza iLizwi liphile kuni, ukuba nikholwe kuLo. Loo nto incinane ityhunduza njalo njengokuba ikhula nje.

<sup>206</sup> Qaphela, ngePentekoste, imizimba yabo yenziwa yaphilela kuBomi obutsha. Khangela eloo qela lamagwala amancinane.

207 Ndinigcine ixesha elide? [Ibandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Khangela, ndifudumele nje, yiloo nto, ndiva kumnandi. Owu, bethu!

208 Qaphela, babengamagwala. Qaphela. Kodwa, babenabo uBuxhaka-xhaka. 'Yabona? Kodwa babehleli phaya emva bonke, besithi, “Owu, ndiyaboyika. Owu, ndiyoyika ukuphuma ndenze ibango, kuba, owu, bonke aboo bhishophu bakhulu nezinto eziphaya phandle. Owu, ndiyoyika ukwenza loo nto. Aboo babingeleli nezinto ezinjalo, ndiyoyika ukwenza elo bango, ndiyoyika ukuba ndibe ndiyakuthi ndiyakholwa kuYe. Owu, andinakuyenza nje loo nto, uyabona.”

209 Kodwa, kwathi ngequbuliso, uNdoqo wafika. Ewe. Wenza ntoni ke Yena? Awuzange uzalise ngomoya kuphela, ngaphakathi, koko Waphilisa uBuxhaka-xhaka obo. Imizimba yabo yenziwa yaphila. Babengasengomagwala kwakhona. Baphuma baya ngqo ebusweni babantu. Ewe, mhlekazi. “Nina madoda akwaYuda, nani bemi baseYerusalem!” Ngeli thuba, ngaphambi kokuba kufike uNdoqo, babebuBuxhaka-xhaka nje. 'Yabona? “Nina madoda emi eYerusalem, makwazeke oku kuni, niwabekele indlebe amazwi am! Aba abanxilile, njengokuba nicinga.”

210 Ndingomnye wabo. *Oku* koKuya! Ndzakunibonisa ukuba kuyintoni na. KusiSibhalo. *Oku* koKuya! Kwaye bendihleli ndisitsho, “Ukuba *oku* asikokuya Okuya, mandigcine *oku* kude kufike Okuya.”

211 “Hayi, oku koKo kwathethwayo ngumprofeti uYoweli, ‘kuyakuthi ngemihla yokugqibela, utsho uThixo, Ndiwuthulule uMoya waM phezu kwayo yonke inyama.’” 'Yabona, uNdoqo ungene kuBuxhaka-xhaka. Babengasenaloyiko.

212 Abanye kuni bantu boyika ukuba umfazi othile uyakunihleka xa nineenwele ezinde, okanye niyeka ukuqaba imake-up; abanye kuni madoda oyika ukuba umbutho wenu uyakunilahlela ngaphandle xa nithe nabhaptiza ibandla lenu ngobhaptizo lweSibhalo; niswele ukuzivalela kwigumbi eliphezulu ade uNdoqo afike. Injalo loo nto.

213 Oko kwabaguqula. Kwabadlisa ubomi. Kwabenza benza ngokwahlukileyo. Babangabantu abatshintshekileyo, ukusukela ngoko ukuya phambili. Loo nto yabavuselela, ukusuka kubomi obudala bokuba ngamagwala, ukuya ekubeni njengeNgonyama yesixeko sakwaYuda. Bajongana ngokupheleleyo nokubulawelwa ukholo, babethelelwa eminqamlezweni, babethelelwa bejongise intloko ezantsi, batshiswa, bajulelwa kumhadi weengonyama. Bengasengomagwala, ngenxa yabo. Ukufa kwakungenaloyiso kubo, konke konke. UNdoqo wayengene kuBuxhaka-xhaka. Ewe, mhlekazi. Wayenza yaphila imizimba yabo enokufa.

<sup>214</sup> Ngoku phulaphula. Nantsi enye into. Bavuselelwa ebomini ngokokude (uyazi yintoni?) banyuselwa kwiindawo zaseMazulwini, imizimba yabo enokufa yadliswa ubomi ngokokude kutshintsheke ulwimi lwabo. Kwathi kuphela... Lwavuselelwa ulwimi lwabo. Yiloo nto ethethwa yiBhayibhile. Kwaye, imizimba yabo enokufa, idliswe ubomi, ulwimi lwabo ludliswe ubomi. Iingcinga zabo zavuselelwa. Umoya wabo wavuselelwa. Ubomi babo bavuselelwa. Babedliswe ubomi, bebonke! Bazama ukuhamba, ababi sakwazi ukuthetha iilwimi zabantu kwakhona. Babevuselelwe kangako kuBukho bukaThixo bade bathetha ngolwimi olutsha, ulwimi lwaseZulwini. Whowu! Nganjani aMandla adlisa ubomi!

<sup>215</sup> “Ukuba uMoya owamvusayo uYesu kwabafileyo umi ngaphakathi kwenu,” owu, haleluya, “uyakuwenza uphile umzimba wakho onokufa.” Uyakukwenza ukuba wenze izinto obungazenzi ngaphambili. Babezele ngaMandla adlisa ubomi ngoko. Yabona?

<sup>216</sup> Umzimba wakho awusasithobeli isono; wena, iminqweno yakho.

Uthi, “Phumela apha!”

Wena uthi, “Vala umlomo wakho.”

“Owu, sineyona inkulu... ”

“Vala umlomo wakho.” Bethu, ulukhozi!

<sup>217</sup> Wakha walubona ukhozi oluzimeleyo lwakudala luhamba? Aluxhuma-xhumi njengesangxa, yabona, lusiya kuyo yonke into efileyo, naso sonke isidumbu esibolayo esiphezu komhlaba. Hayi, mhlekazi. Luhamba ngokuzidla.

“Vala umlomo wakho.”

“Owu, nantsi idinala emnandi ngapha.”

<sup>218</sup> “Ayindifanelanga. Yabona, iminqweno yam itshintshile. Umcaco wam wahlukile. Kuba akayi kuphila ngazinto zibolayo zehlabathi zodwa, koko ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo.” Ukhozi lwenene oludliswe ubomi luphila ngaloo Nto. Amen!

<sup>219</sup> Owu, Lowo wamvusayo uKristu engwabeni, uhleli ngaphakathi kuwe, uwudlise ubomi umzimba wakho onokufa waya Phambi kwaKhe. Uyiqaphele loo Nto. Awuseyontaka idla izinto ezingcolileyo. Ulukhozi. Awuzifuni izinto zehlabathi. Ungunyana nentombi kaThixo. Udla kuMthombo ekungekho nto liyaziyo ngawo ihlabathi. Usela kuWo. Umntu owaziyo...Ihlabathi alazinto ngaloo nto. Udla kwiMana efihliweyo ekungekho nto layaziyo ihlabathi ngaYo, ulukhozi. Uvuselelwe wafika kwindawo apho unokuYifumana khona. AkunakuYifumana phantsi *apha*, umelwe kukuyifumana *apha* phezulu. Umelwe kukuba ngokuba ngodliswe ubomi, wanyuselwa phaya phezulu, ukuze Idlise ubomi.



220 Benza ntoni? Bathetha ngolunye ulwimi. IBhayibhile ithe benza njalo. “Bathetha ngazo zonke iilwimi eziphantsi kweZulu.”

221 Ungayinginga loo nto, loo mizimba midala inokufa ilapho, isithi, “Ke, andazi ngoku nokuba ndingayikholelwa na lento okanye hayi?”

222 Kwathi ngequbuliso, bavuselelwa ngokokude ukukhalipha okunjengeNgonyama yesixeko sakwaYuda kubahlele bonke, phezu kweso Sikhwebu sitshangatshangiswayo. Owu, uKhozi lweza kubiza AbangabaLo! “Ababuthandanga ubomi babo kwade kwasekufeni.” Amen.

Kwaye kuyakubakho abangabanye abaya kunikela ngegazi lobomi babo  
Ngenxa yale Vangeli kaMoya oyiNgcwele nomkhukula waYo obomvu.

223 Kwaye uNyana umelwe kuku—kukutyhilwa kwakhona, kuMtshakazi ngomhla wokugqibela; aMandla adlisa ubomi amelwe kukufika, abadlise ubomi baphume kula mahlelo afileyo neemfundiso, beze kwiLizwi eliphilileyo likaThixo ophilileyo. Owu!

224 Hayi, Labavuselelela kuBomi obutsha. Lenza kwaloo nto inye lisenzela yona ngoku. Qaphela, ngoko, babevuselelekele kuloo Mandla kangako! Ngoku ndi. . .

Phulaphulisisa ngoku. Ndizama ukubonisa.

225 AMandla adlisa ubomi ayengenzelwanga mphefumlo wabo kuphela, koko ayephezu kwabo bonke. I. . . UNdoqo akazange angene nje kuphela, ukuza kudlisa ubomi, koko Wadlisa ubomi uBuxhaka-xhaka. Uyabona ukuba ndithetha ukuthini na? Babevuselelekele ebomini ngokokude iilwimi zabo ziqale ukuthetha ngolunye ulwimi. Babedliswe ubomi kangako ngaMandla ovuko lukaKristu, bade babeka izandla zabo. . . Babedliswe ubomi kangako ngaMandla adlisa ubomi, bade, bathi bakubeka izandla zabo phezu kwabagulayo, baphila. “Udlise ubomi umzimba wakho onokufa.” Baphiliswa, ngokubekwa kwezandla zabo.

226 Kwaye uMoya wavuselela ubudlelane babo kunye noThixo, ngokokude kananjalo babe bavuseleleka kuBukho bukaThixo kwade, xa umntu wafayo nomphefumlo umnkile, Wambizela ebomini kwakhona. Amen! Uzuko! Ngoku ndiziva ndikholiwe.

227 Injalo loo nto, edliswe ubomi! LwalungelolweSiqu saKhe kuphela uvuko, koko lolwaLowo uthandayo, kule Mbewu imiselwe ngenxa engaphambili ilele apho. Ukudlisa ubomi, ukudlisa ubomi umzimba onokufa!

228 Babeka izandla kwabagulayo; baphila. Bathandaza; bekuMoya babona umbono, babuyisela abafuleyo ebomini. Injalo loo nto. “Badlisa ubomi imizimba yabo enokufa.”

229 Ukuba uthe wangena kuwe; kuya kubanjalo...Ngoku, ungatsho ukuba kunjalo; kodwa ukuba akunjalo, le miqondiso iyakulandelana naloo nto, uyabona. “Udlisa ubomi umzimba wakho onokufa.” Uyakukudlisa ubomi.

230 Ngoku, qaphela, ukudliswa ubomi kuBukho bukaThixo. Kuba? YayinguMoya kaThixo owamvusayo uYesu engwabeni. Kwaye, uMoya kaThixo, “Ndibanika uBomi obunguNaphakade,” oko kusuka kwigama lesiGrike, ukuba ungalikhangela, uZoe Ophumela kuwe udlise ubomi (bona) nkqu ingqondo yabo.

231 Ngoku khangela. Ungathini ukuthi laa Moya uhleli kuwe? Nakuba wenze yonke into obucinga ukuba iyelungileyo, nabu ubungqina bokuba uyifumene na okanye hayi. Ukuba uMoya owawukuKristu ungaphekathi kwakho, Ukwenza uphilele kwiLizwi, kuba Yena uliLizwi. Kwaye ukuba, kuyinto echaseneyo, ukuvuselelela kude kwiLizwi, ngoko asingoMoya kaKristu lowo!...Andikhathali nokuba wenze ntoni na, ude Ukungenise kwiLizwi. “Ezam izimvu ziyaliva iZwi laM, kwaye ziyakuphila ngalo lonke iLizwi,” lonke iLizwi! Ndandithetha ngaloo nto genye imini.

232 Umama wam buqu, akasekho ngoku, kwaye wayengumfazi ongaqhelekanga kakhulu. Yena ke, uyazi, ebuliNdiya ngenxenye, kwaye wayengaqhelekanga. Kodwa apho ngaphakathi wayengumntu ongaphehiyo. Kodwa andicingi...Wafumana amane okanye amahlanu amaphupha kubomi bakhe bonke. Kodwa lonke ixesha wayephupha iphupha, laliyinyani. Waphupha iphupha, layinyani.

233 Ndikhumbula ngaxesha lithile ekuqaleni kwam ukushumayela, kwiminyaka emininzi eyadlulayo. Sasihlala phaya phezulu endleleni, kanye apha ngentla kwale ndawo. Ndandishumayela kanye apha kule nkonzo. Waze waphupha iphupha, lokuba ndandimi apha ecaleni kwamanyathelo amathathu. Kwaye ndandimile ndishumayela kumntu wonke, ukuba bamelwe kukuhamba la manyathelo mathathu phambi kokuba bafike kwindlela ephezulu. Ukuze kuthi kwindlela enkulu kubekho umgca omhlophe ngokweperile, uhambe uyokungena ngqo kwi—kwi—kwingcango zezulu, kwisango leperile, ukuze loo perile ibe yandlalwe yaya kuma kwincopho yezo zitepusi. Asinguwo uMyalezo wam ngokuchanekileyo lowo namhlanje; ugwetyelo, ungcwaliso, ubhaptizo loMoya! Yaye ndandithetha nomntu othile ngaloo manyathelo mathathu, ukuze abe nako ukungena kwindlela enkulu. Ndaze ndathi... .

234 Kwedlula inenekazi elithile. Ngoku, niyazi ukuba babenxiba izihlangu ezinjani na abantu kumashumi amathathu anesihlanu eminyaka eyadlulayo. Kwabakho inenekazi eladlulayo, lifake izihlangu ezikhulu ezinjengezi

bazinxiba namhlanje, zinezithende ezisisikhonkwane, laza ledlula. Ndathi, “Yima umzuzu nje, dade. Awunakungena kuloo ndlela iphakamileyo ngaloo nto.” Ndaze ndathi, “A—Awungekhe, ayenziwa loo nto.”

<sup>235</sup> Laze lathi, “Ehe!” Lathi, khangela jikelele kwabanye abafazi, bathi, “Musa ukumkholelwa. Ungumntu ophambeneyo. ’Yabona? Musa ukumkholelwa. Ndiza kukubonisa ukuba ndingagwetyelwa, ndingewaliswe, ndizaliswe ngoMoya oyiNgcwele, ndibe ndisenokuhamba ngaloo ndlela.” Laze la . . . Ndaliyeka lahamba. Kwakungekho nto ndisenokuyenza ngaloo nto, ndandingakwazi kulimisa. Laze latsibela kwindlela ephakamileyo. Laze lakhangela emva kudade walo, lathi, “’Yabona, bendikuxelele!” Laqalisa ukuqalisa libaleka linyuka, laze la . . .

<sup>236</sup> Uyazi, njengoko iBhayibhile yatshoyo, ku-Isaya, isahluko se-5, ukuba bayakuhamba “bethe qhiwu iintamo.” Kunyanzelekile ukuba benze njalo; bayatshawula, ’yabona. “Bezibhija . . .” Banyanzelekile ukuba babenjalo, banyanzelekile ukuba babhinyalaze, “Bezibhija behamba, besenza isagampe ngezithende zabo; ’yabona, iintombi zaseZiyon ngomhla wokugqibela.”

<sup>237</sup> Laze laqalisa ukunyuka ngaloo ndlela iphezulu, likhawuleza kangangoko lalinokubaleka. Kwaye, emva komzuzwana, indlela yaya isiba ncinci ngokuba ncinci. Laqalisa ukuthungela, liphinyela *njalo*, lemka ke.

<sup>238</sup> Waze umama wathi, “Esona sikhalo sisesoyikekayo ndakhe ndasiva ebomini bam, yayinguloo mfazi esiwa kuloo madangatye nomsi, esihla, esiya ezantsi ngoloo hlobo.” Wathi, nda “guquka, ndathi, “Yabona?”

<sup>239</sup> Wathobela yonke enye into ngaphandle kweLizwi elinye, ’yabona, yonke enye into ngaphandle kweLizwi elinye. Ngokuqinisekileyo, abafazi benkonzo kaMoya bangasindiswa, bangawaliswe, bazaliswe ngoMoya oyiNgcwele, baze basilele. Ngokupheleleyo. “Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, koko ngaloo lonke iLizwi eliphumayo.” ’Yabona? ’Yabona? Wasilela kuLo. Yaye njengokuba nditshilo, ’yabona, ngewangenayo, ngokupheleleyo, kodwa, ’yabona wasilela ekuphulaphuleni; exelelwa ukuba kwakukho ntoni na ngaphambili. Njengoko Waphilayo kwiVangeli ngabadisipile, abapostile, neMfundiso yabapostile nabaprofeti, njalo njalo, baze abafuna kuphulaphula.

<sup>240</sup> Ngoko qaphela la Mandla adlisa ubomi, u-Zoe, ezisa iLizwi, ingcinga eyayikuKristu yaba kuwe ngoko. Ndzama ukukubonisa, ukuba, wena, ekuvusweni kwakho. Xa uThixo wamvusayo uYesu kwabafuleyo, Wakuvusa, kananjalo. Waze wakuvusela eBomini ngokunjalo, kunye naYe, ngoku uvuselwe eBomini, nakubeni ngoko wawusisibonakalaliso

kwiingcinlega zaKhe, kodwa uThixo wakubona konke kukuYe, ekugqibeleni, 'yabona. Xa uThixo wakhangela kuloo mzimba . . .

<sup>241</sup> UMoya waMshiya, eMyezweni waseGetsemane. Kwanyanzeleka ukuba afe, engumntu. Khumbulani, zihlobo, kwakunganyanzelekanga ukuba Ayenze loo nto. YayinguThixo lowo. UThixo wathambisa loo nyama, eyayiyinyama yomntu. Kwaye Wayengazange . . . Ukuba ngeWayenyuke phaya, njengoThixo, ngeWayengazange afe uhlobo olunjalo lokufa; awunako ukumbulala uThixo. Kodwa Wayenganyanzelekanga ukuba enze into enjalo.

<sup>242</sup> Kodwa, khumbula, Waya apho enawe ngaphakathi kuYe. 'Yabona, uThixo wayengazanga amahlule uMtshakazi kuMyeni, ngelo thuba. Ngoko xa uThixo wakhangela ezantsi phezu kwaloo mzimba kaKristu, Wabona zombini ezo zinto indoda nomfazi. Iyonke loo nto yayihlangulwe kuloo mzimba mnye. 'Yabona? Bamntu mnye, yinto enye, liLizwi elikwalinye. ILizwi elikwalinye, elathetha kuMyeni, lithetha kuMtshakazi.

<sup>243</sup> Ke, angathini uMtshakazi ukuza, aze asilele ukubonakalalisa yonke into eyabekwa ngedinga nguYe; noMyeni ukuza, aze Angabi nguye uMtshakazi? Kodwa xa Wenza yonke into, ngokuyiqondakalalisa ngokuZivusa kwabafileyo, emva koko, aze anga—uMtshakazi kunganyanzeleki ukuba enze kwaloo nto inye, kunganyanzeleki ukuba ngokuchanekileyo ibe yiloo nto iLizwi lathi Uyakuba yiyo ngale mihla yokugqibela? Akamelwe kukuba Abuye ngoMalaki 4? Akamelwe kukuba Abonakalaliswe njengoko kwakunjalo ngemihla yeSodom, alimelwe ihlabathi kukuba njengoko linjalo kanye? Ezi zinto azisiso na isingqino esigqibeleleyo seLizwi likaThixo lazisiwe kuthi?

<sup>244</sup> Kulungile, zihlobo, ndiyazi ukuba ndinigcina ixesha elide, yimizuzu elishumi elinesihlanu kubethe idinala, kodwa mhlawumbi ndizakugqiba ngelo xesha. Kodwa, khangela apha, yinto egqibelele kanjani. Andazi ukuba ndakuphinda ndinibone nini kwakhona na. 'Yabona?

<sup>245</sup> Khangela, qaphela oku. Kodwa uThixo wabona ngenxa engaphambili uMtshakazi ekuMyeni. Haleluya! 'Yabona, ukuze asindise iNkosikazi yaKhe, njengo-Adam, kwanyanzeleka ukuba Ahambe naYo. U-Adam wayesazi ukuba yintoni na awayeyenza; u-Eva wayengazi ukuba wayesenza ntoni na, kodwa u-Adam wahamba waphuma kunye nenkosikazi yakhe. 'Yabona? NoYesu wathabatha indawo yeNkosikazi yaKhe waba sisono ngenxa yaYo. Khumbula, Waba nguwe, Wathabatha isohlwayo sakho, ukuze wena ube nokuma endaweni yaKhe. Wema endaweni yakho, ukuze ube nokuma kwindawo yaKhe. Lolunjani uthando!

Bubudlelane obunjani! Singathini ukuyikhanyela loo nto? Singathini ukwenza nantoni na engaphandle kokuMthanda, zihlobo? Ndingahlala kuloo nto iyure, kodwa masiqhubele phambili kancinane.

<sup>246</sup> Njengamava epentekoste namhlanje, nokuza kukaMoya oyiNgcwele ngemihla yokugqibela, njengoko kwakuthenjisiwe, kunjengoko kukhutshwa kwiNcwadi yobunini. 'Yabona?

<sup>247</sup> Ngoku, unganayo incwadi yobunini. Ngokuqinisekileyo. 'Yabona? Unganako ukuyifumana incwadi yobunini bendawo ethile, kodwa loo nto ayikatsho ukuba yeyakho. Hayi, mhlekazi. Kusenokubakho umntu ongaphaya kude onokungena enze ibango kuloo ndawo. Kodwa xa unako oko kukhutshwe kuyo, loo nto ibonisa ukuba yonke into eyakhe yabambana naloo ndawo icinyiwe, ukuya kuma ngesiseko. Ingaba kunjalo?

<sup>248</sup> Naxa umntu ethe ukholelwa iLizwi, uze ngoko xa uMoya oyiNgcwele usiza, nguWo okoko kukhutshwe kwincwadi yobunini. Uze ke ukunike imvume, xa unako oko kukhutshiweyo, yokuba yonke into yaloo ndawo iyeyakho, nayo yonke into ephezu kwayo iyeyakho. Amen! Loo nto ke isinika oko kukhutshiweyo, xa uMoya oyiNgcwele ehla phezu kwaloo ncwadi yobunini wathi uThixo wayibona kwaphaya kudala ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, waze wabeka igama layo kwiNcwadi yoBomi; kodwa wazalwa ngendoda nomfazi, waze wasekuthobeleni isono, wanobutyala ngenxa yesono. Kodwa xa ndakholwayo kuWo, ndamnkela isiqinisekiso; kodwa xa uMoya oyiNgcwele wezayo, yayinguWo oko kukhutshiweyo kokuba yonke into echasene nam, nokuba ngumama owayenzayo, ngutata owayenzayo, ngumhakhulu owayenzayo. . .

<sup>249</sup> Njengalowo mncinane, umntwana omncinane onesifo sokuwa endimthandazeleyo, kwimizuzu embalwa edlulileyo, loo nto ivela kubazali babazali bakhe. Eso sifo sokuwa sehla, saza kufika phezu komntwana, nditshilo.

<sup>250</sup> Kodwa xa kuthe kwafika oko kukhutshiweyo, Kwabetha, kuye kwaqakatha yonke into. Ngoko ndinguLowo ubambe okukhutshiweyo. Amen! Kwaye ngokuqiniseke njengokuba uMoya wavusa uKristu kwabafuleyo unjalo, ndinako oko kukhutshiweyo kwisiqinisekiso sobunini sokuba ndiyinxenye yaloo Mzimba, ndinoko kukhutshiweyo kukaMoya oyiNgcwele kusenza ukuba loo mzimba weLizwi uphile ngokuchaneke kanye njengoko Wenzayo kuYe, njengoko Wathembisayo ngomhla wokugqibela. Oko kukhutshiweyo! Zonke izono zam zicinyiwe, zonke izono zam zicinyiwe, ngeGazi likaYesu Kristu, waze uMoya oyiNgcwele wangena njengoko kukhutshwe kwiNcwadi yobunini awathi uThixo wandinika yona ngobabalo, ngokwazi kwenxa engaphambili. Owu, bethu!

251 Yintoni ekoyikisayo? Akumangalisi ukuba abe Wathi, “Musani ukoyika; NdinguLowo wayefile ndaye ndidla ubomi kwakhona; kwaye Ndidla ubomi ngonaphakade; ndinazo nezitshixo zokufa nezelabafileyo.” Ningahlutshwa yiyo nantoni na. Nokufa ngokwako akunakunenzakalisa. Qaphela. Kuhle!

Masihambe ngokukhawuleza kakhulu ngoku.

252 Isiqinisekiso soko kukhutshiweyo! Ityala lihlawulwe lonke. Yonke into echasene noko icinyiwe. Ha-ha-ha! Uzuko! Ndisenokwenza ngendlela ephoxekileyo, kodwa ndiziva ndonwabile. Qaphela. 'Yabona? Owu, oko kukhutshiweyo kwisiqinisekiso sobunini, niyaqonda ukuba ithetha ntoni loo nto? Uyaqonda ukuba kuthetha ntoni na oko, mzalwana? Akukho nto inokukuthabatha ikususe kuwe. Amen. Ndingumnini wako. Amen. Enjani i. . .

253 Esinjani isiqinisekiso sobunini? Ngoku ndiye ndafumana inzuzo koko ndinelungelo kuko, ngokufa kwaKhe, ukungewatywa, nokuvuka. Ube ndim, ukuze mna ndibe nguYe. Ngoku, Waba ngumoni, ukuze mna ndibe ngunyana, amen, ndibambe oko kukhutshwe kwisiqinisekiso sobunini. “Kuba nantsi imiqondiso eyakulandelana nabo bakholiweyo,” 'yabona, oko kukhutshwe kwisiqinisekiso sobunini!

Ngoku ngokukhawuleza, phambi. . . Sinamalunga nemizuzu elishumi eseleyo.

254 Masiqaphele ngoku, ngokukhawuleza, ukudlisa ubomi koMoya. Ndizakukubonisa imiqondiso ethile ukuze uqonde. Khangela, ngoku, khangela ukuba yintoni na, laa “Mandla adlisa ubomi” ibiyileyo ingongoma yam. Emva kokuba uNyana evukile, khangela ukuba Enza njani na kubo ngePentekoste, yintoni Awayenzayo kubo, yintoni awathi loo Mandla adlisa ubomi ayenza kubo. Abavuselela.

255 Ngoku masiqaphela Awakwenzayo kuStefano. UStefano wayezaliswe ngaMandla adlisa ubomi. Yayingenjalo loo nto? 'Yabona, wayezaliswe ngaMandla adlisa ubomi. Ayizange imenze oyike loo nto. Wathi, “Nina bantamo zilukhuni bangalukileyo ngeentliziyo neendlebe, nihlala nimelana noMoya oyiNgcwele; njengokuba benzayo ooyihlo, nenjenjalo nani. Nguwuphi kubaprofeti ongazanga abonise ukuza kwaLowo uLilungisa, abangazange bamxulube ooyihlo?” Owu, bethu! Loo nto yenza okuthile kuye. Ngokuqinisekileyo, wayezaliswe ngaMandla avuseleleyo.

Baze bathi, “Sizakumsusa endleleni laa mfo!”

256 Kwaze kwathi ekufeni kwakhe, bamxuluba; naloo ntlokwana yakhe ilusizi, amatye eyibetha ngolo hlobo. Wakhangela phezu wathi, “Ndibona aMazulu evulekile.”

AMandla adlisa ubomi ayesebenza. “Ndibona aMazulu evulekile, noYesu emi ngakwisandla sokunene sikaThixo.” Nantso into awayenzayo aMandla adlisa ubomi kuStefano.

<sup>257</sup> Qaphela omnye umfo, owayenawo la Mandla avuselelayo, igama lakhe lalinguFiliphu. Wayezaliswe kangako ngaMandla adlisa ubomi. Wayeqhuba inkonzo enkulu kakhulu ezantsi kwaSamari. Iidemoni zazikhutshwa. Abantu babebhaptizwa eGameni likaYesu Kristu. Babenenkonzo eyinene. Waze uMoya wathetha kuye, owu, u—uNdoqo wehla, waze Wathi, “Yishiye le mvuselelo.” Kodwa bayakuthini abalungiseleli? Ayenzi mahluko eyokuba bathetha ntoni na. 'Yabona? Wayezaliswe ngaMandla adlisa ubomi. Wayenawo amafutha enqwelo, kunye no—noNdoqo wayesihla phambi kwakhe. Wathi, “Phuma uye kungena entlango.”

<sup>258</sup> Waza wafumana ithenwa apho, waze walibhaptizela eGameni likaYesu Kristu; indoda enye eyathabatha uMyalezo yehla nawo ukuya eTopiya. Akunjalo? Kwaye wathobela uThixo.

<sup>259</sup> Ekuthobeleni uThixo, ukuba awuzange ubhaptizwe eGameni likaYesu Kristu, yenza njalo, ubukele aMandla adlisa ubomi ekunyusa ngoko. 'Yabona?

<sup>260</sup> Xa uStefano wathi wenza lento inkulu...okanye, hayi uStefano. Kodwa uFiliphu wathi wenza lento inkulu, yokushiya imvuselelo enkulu aze athobele imiyalelo kaThixo, wathi akuzalisekisa, ngokuzalisa...ngokubhaptiza eli thenwa, ekuthobeleni uThixo, wazaliswa kangako ngaMandla avuselelayo ngokokude aMxwile emnke naye. “Uyakuyenza iphile imizimba yenu enokufa, ukuba lo Moya wamvusayo uYesu kwabafileyo.” Kwamvuselela uFiliphu ngokokude angabi sabonwa, mhlawumbi umgama wamakhulu amahlanu eemayile, ngaphaya kwenye indawo, ngaphaya kwelinye ilizwe. Kwawuvuselela umzimba wakhe onokufa. Wayenza njani loo nto? Wayezaliswe kangako ngaMandla adlisa ubomi.

<sup>261</sup> Owu, Bandla loo Thixo ophilileyo, asinakuma sijikeleza nje apho kule mibelana yeswekile sijikeleza sincanca yona apho namhlanje. Simelwe kukuba sizaliswe sibe ngabathandazileyo, ngaMandla adlisa ubomi, kude kufike ukudlisa ubomi kukaMoya oyiNgcwele! Sinyanzelekile ukuba sithathwe sixwilwe, ngamhla uthile, singene kolo Xwilo phaya ngaphesheya. Ewe, mhlekazi. Amen! Owu, bethu!

<sup>262</sup> Uxolo ngengcaciso enjalo. Bendinga ngomama othi enze ezoo ngxowana zincinane, sasikade sizenza, ukwenzela usana. Abanye abadala kuni boomama bayayikhumbula loo nto. Usana oluncinane lwakudala xa luqalisa ukurankhalaza; uthathe umgubo wekofu neswekile, uwujijele ngengxowa umenze ancance loo nto, ukwenzela ukumdubulisa nje. Akukho mandla kulo nto. Iyakumbulala. 'Yabona? Laa ncindi

ye-caffeine indala ilapho, naloo nto, into nje eyenziwe yaneswekile ukumenza ayiginye ihle, ingenisa incindi yekofu enobungozi kuye.

<sup>263</sup> Sidiniwe zizinto ezinjengaleyo. Yiphikiseni! Ningamakhozi; buyelani eLizwini likaThixo! Yibani ngqongqo; akukho nto iyakunikhubekisa, ngoko ke nikhululekile kuko konke ukuhlaziswa ngabantu. Nokuba ubani uthini na ngani, loo nto izisa nje uthando oluthe chatha. Amen. Kwaye, aMandla avuselelayo, alubambe alungenisa kwezaseMazulwini, ukhozi eselubhabhele ngentla kweenkuku, laya kuma ngaphaya kweendawo zaseMazulwini kuKristu Yesu! Owu!

Ayephezu koFiliphu. Loo nto yamdlixa ubomi, yamxwila yemnka naye.

<sup>264</sup> Masithabathe enye indoda. Kwakukho indoda egama lingu-Enoki. Ngoku, wahamba kunye nalo lonke iLizwi likaThixo, isithuba samakhulu amahlanu eminyaka. Wayenobungqina, bokuba, “Akukho nexesha elinye endasilela ngalo kwiLizwi laKhe.” Wazaliswa kangako ngaMandla adlixa ubomi xa uNdoqo wathi wakuchatha, phezu kobo Buxhaka-xhaka, akuzange kufuneke nokuba afe kwakufa; wathabathisa nje wenyukela eKhaya. Waqalisa nje ukuhamba. Wayethe...NjengoFiliphu, wazaliswa kakhulu ngaMandla avuselelayo, endaweni yokuhla aye eGaza nokuya kwenye indawo, apho, bamfumana khona kumanxweme asemantla apho. Endaweni yaloo ndlela, wahamba nje, owu, wathi, “Ndaluphele, nakanjani na. Ndizaliswe kakhulu ngaMandla okudlixa ubomi, ndizakuhamba nje kanye ndiphume emhlabeni.”

<sup>265</sup> Ikwangaloo Mandla avuselelayo esinawo khona ngoku. 'Yabona, Ayakuwudlixa ubomi umzimba wakho onokufa. Ingaba kunjalo? NgaMandla adlixa ubomi.

<sup>266</sup> U-Enoki, enobobo bungqina bugqibeleleyo, bokuba, “Yonke into uThixo andixelelele ukuba ndiyenze, ndiyenzile. Yonke into endiyibonileyo ukuba Uthe mandiyenze, ndiyenzile.” Waza wazaliswa ngu-nguNdoqo, okanye-okanye uBuxhaka-xhaka, ngokokude, xa loo Mandla adlixa ubomi amchukumisayo, uBuxhaka-xhaka, Amphakamisa nje amnyusa. Wahamba waphuma emhlabeni, waya kungena eZulwini.

<sup>267</sup> Ngoku, ngoku qaphela. Ku-Eliya, emva...Khangela, u-Eliya, laa mprofeti mkhulu, engumntu ngomhla wakhe. Uxolo. Mzalwana, dade, ngaloo mhla wayebagxungule abo bafazi baziqaba ubuso, aboo-Izebhele no-Ahabhi, waze wema wazola...Kwaye akukho mntu, wakhangeleka ngokungathi, wayemi kunye naye. Waze wakhalisa, waqwenga, wema apho ngaphandle, wabe uThixo emkhathalele wamnceda kuyo



yonke indawo. Uyazi, loo mfo mdala wadinwa ngenye imini. Wathi, “Ndiyaphala, ngoko andisenakuhambela phambili.” Wayeqhubela phambili, ndiyaqonda, wayenamashumi alithoba eminyaka ubudala; emdala ngenene, ehamba ejikeleza apho, kwaye wayezaliswe kangako ngaMandla adlisa uBomi. Uyazi yintoni? Wakhangela ngaphesheya kweYordane.

Owu Thixo! Ndiphantse ndibone kweliya cala. Awuboni wena?

<sup>268</sup> Ukuzaliswa kangako ngamandla adlisa ubomi, ngokokude, wabona inqwelo igangxwe ngaphaya, amahashe athile oMlilo nenqwelo yoMlilo, egangxwe kumthi othile phaya ngaphesheya. Wahamba nje wawela umlambo waGoduka, ngaphandle kokufa kwa ukufa. AMandla adlisa ubomi ayethunyelwe, abanga ukuba inqwelo ihle iphuma eZulwini imthabathe imnyuse. Kwacholwa nkqu idyasi yakhe yaphoselwa ku-Eliya kwakhona. Injalo loo nto.

<sup>269</sup> Ngoku, ngoko laa mfo wachola loo ngubo, umzekelo weBandla kwakhona, 'yabona, wachola loo ngubo. Ngoku, wayenza kabini imimangaliso, ntoleyo ingumzekelo kaKristu neBandla. 'Yabona? U-Eliya wenza yamine; yena wenza yasibhozo. 'Yabona, ngoku, waye—wayenamandla aphindwe kabini, kuba wacela wona. “Izinto ezinkulu kunezi Ndizenzayo niyakuzenza.” 'Yabona? Kodwa wayezaliswe kakhulu ngaMandla adlisa ubomi, nayo yonke into, ngokokude enze zonke ezi zinto, amandla aphindwe kabini, kunento awayenzayo u-Elisha, ngaphezu koko wenzayo. Kwaye qaphela, waphila ubomi emva koko wade wanamashumi asibhozo okanye alithoba eminyaka ubudala, waluphala waze—waze wafa. Wafa, baze—baze bamthabatha bamkhupha bamngcwaba.

<sup>270</sup> Uyazi, ke, loo Mandla adlisa ubomi akazange emnke kuye. Kwemininzi, kwiminyaka emininzi emva koko, xa inyama yayisele ibolile yesuka kumathambo akhe, wayelele engcwabeni. Babethwele indoda efileyo ngenye imini, baze babona utshaba, basuka nje bajula le ndoda bayingenisa phezu kwamathambo ka-Elisha. Kwakukho angako aMandla adlisa ubomi kuloo mathambo ngokokude loo ndoda ixhume ingene ebomini kwakhona. Owu!

<sup>271</sup> “Ayakuwenza uphile umzimba wakho onokufa.” Nakuba wayefile ebolile engcwabeni, unangoko la Mandla adlisa ubomi ayehleli phezu kolo thuli. Haleluya! Aha! “Lowo wamvusayo uKristu kwabafileyo ngokunjalo wenza uphile umzimba wakho onokufa.” U-Eliya phaya kudala, u-Elisha no-Eliya . . .

<sup>272</sup> Khumbula, laa ndoda ifileyo, laa mprofeti, ezaliswe ngaMandla adlisa ubomi, elele engcwabeni ebole waphela; kwakukho angako aMandla adlisa ubomi, ngokokude, bajulele

indoda efileyo kuye, yabuya yadla ubomi. Wayesakwazi ukubeka izandla phezu kwabagulayo. Wayengakwazi? Amen. Nantso ke.

<sup>273</sup> Kwaye khumbula, siyinyama yenyama yaKhe, uYesu Kristu. “Siyinyama yenyama yaKhe, namathambo amathambo aKhe.” Owu, akukho ndlela yakuphuma kuloo nto. Sizakuvuka, kuphelele apho ke. Uzakuvuka, kuphelele apho.

<sup>274</sup> IPasika ithetha okungaphaya kwesithethe nje. Isenjalo ngoku, yeyokuze imizimba yethu idliswe ubomi kunye naYe. Kwaye sihleli kwiindawo zaseMazulwini.

<sup>275</sup> Lo mzimba ke usenokubolela elwandle; usenokubolela emhlabeni mhlawumbi; kusenokungazali necephe luthuthu; kodwa uzakuvela. Kuba, uMoya owayivusayo iNkosi yam kwabafileyo uwudlise ubomi lo mzimba unokufa. Uwudlise ubomi umzimba wakho onokufa. Kwaye thina sizindlalifa zaKhe zovuko lwaKhe, i-inshorensi yaKhe yoBomi obunguNaphakade endithetha ngayo kangaka, uyazi. Akumangalisi ukuba abe Wathi, “Musani ukoyika.” Wayemelwe kukwazi.

<sup>276</sup> Kuba njengokuba uPawulos wathi, “Kufa, luphi na ulwamvila lwakho? Ngcwaba, luphi na uloyiso lwakho? Ndizaliswe ngaMandla adlisa ubomi. Makubulelwe kuThixo, Osinika uloyiso ngeNkosi yethu uYesu Kristu.” Ewe, mhlekazi! AMandla adlisa ubomi. Owu, bethu!

<sup>277</sup> Udla ubomi ngonaphakade kanaphakade, “isekwanguye izolo, namhlanje, nangunaphakade.” AmaHebhere 13:8. Qaphela, uMesiya, onguMthanjiswa; unjalo noMtshakazi waKhe, onguMeyisi, yabona, onguMthanjiswa.

<sup>278</sup> Qaphela, ukufa akuwemisi aMandla adlisa ubomi kaThixo. Ukufa akunakuWemisa. Xa unaWo, AnguNaphakade. Akukho nto iyakuWemisa. AwunakuWakhonkxa. AwunakuWakhonkxa; akukho nto—akukho nto unokuyenza ngaWo. Uphila ubomi bakho, naloo nto ayinakuWemisa; asenjengokuba Ayenjalo.

<sup>279</sup> Qaphela, uMoses uzaliswe kakhulu ngaloo Mandla adlisa ubomi. Uyintoni? Wayengumprofeti eleza kuye iLizwi. Wayeyinxenye yeLizwi. WayeliLizwi laloo mhla. Ingaba kunjalo. Emva kokuba wayefile, amakhulu asibhozo eminyaka; phezu kweNtaba yoTshintsho, wayemi apho, kunye no-Eliya. Ingaba kunjalo? AMandla adlisa ubomi, uKufa akungeke kuWasuse. Hayi, hayi. “Ndiyakuwavusa kwakhona.” INgelosi zeza; zamngcwaba ezantsi apho emfuleni. Wayesele ebolile kuphelile ngaye, amathambo akhe ayephelile, nayo yonke enye into, kodwa aMandla adlisa ubomi ayesekho apho. Amdlisa ubomi amnyusa. Yayinguye lowo, emi apho. Qaphela.

<sup>280</sup> Uthi, “Ingaba kunjalo, Mzalwana Branham, emva kwamakhulu asibhozo eminyaka?” Owu, bethu!

281 Ukuba ungafunda kuMateyu, ndinaso iSibhalo, kuMateyu 27:51. Ungasibhala, usibeke. Xa bathi bonke abo phaya kudala, abo babekholwa ukuba Uyakufika... IBhayibhile ithe apha, emva kokuba Wafikayo, babelele emhlabeni. AMandla adlisa ubomi ayephezu kwabo, baye babeyinxenye yaKhe, abo bangcwele. Babeyinxenye yaKhe, ngokuba babekholwe kuYe.

282 Xa kuthethwa nje babenabo obo Bomi, ngedini elanikelwayo legusha, isicamagushelo, esasingenakuzisa moya wegusha ubuyele phezu komntu. Kuthiwani ke ngoku ngoMoya woMntu, uThixo ngokwaKhe, uphezu kwakho, 'yabona, sinangakanani ukudlula kulawo aMandla adlisa ubomi! Kodwa kwakungesicamagushelo sesono esanikelwayo esiyimvana, singumzekelo. Oko sinako thina akungomzekelo; kuluqobo lomzekelo. Soyika ntoni? Kwaye abo bafo babenomzekelo kuphela, ukho nakuvuko lwaKhe, baze behla baya engwabeni kunye nawo.

283 NjengoYobhi phaya kudala phantsi kokuxinzeleleka okukhulu kwakhe, bethu, yonke into ithatyathiwe kuye! Umtyholi wathi, "Mandifumane yena. Ndiyakumenza aKuqalekise ebusweni baKho." Waze ke wakhululeka.

284 Wathi, "Ungabuthabathi ubomi baKhe." Waze wenza (yena) konke ngobomi bakhe.

285 Nenkosikazi yaKhe yamjikela. Yathi umphefumlo wayo ubengowasemzini kuye. Ngamanye amazwi, yona—yona yayingafuni kuba nanto yakwenza naye. Yayingabonakali ngathi isamthanda, yamtyhalela kude nje. "Yobhi, uyoyikeka! Kutheni ungamqalekisi nje uThixo, ufe?"

Wathi, "Uthetha njengesidengekazi somfazi." Owu, bethu!

286 'Yabona, wabambelela kanye koko wayenako. Ngoku, wayengumprofeti. Wathi, "Andingomoni. Ndinikele ngelo dini kubonelelwe ngalo." Amen. Wayesazi ukuba wayemi phi na. Wayephezu kweLizwi. Akunamsebenzi nokuba babesithini na abanye, wayelapho kanye kwiLizwi. Ngoko eloo lixa likhulu limangalisayo... Wathi, "Uthetha njengesidengekazi somfazi." Wathi, "YiNkosi enikileyo, yiNkosi ekuthabathileyo; kuba, malibongwe iGama leNkosi!" Wathi, "Ndeza kweli hlabathi ndingenayo nanto. Ndeza apha, ndize, ndiyakuphuma kwangaloo ndlela. Malibongwe iGama leNkosi!" Ehleli apho, aphukile ngamathumba, abantwana bakhe befile, ebethwe bubuhlwempu, nabahlobo bakhe bemjikele, amalungu ebandla lakhe, nayo yonke enye into, ezikrwempa nge... Kwaye wayelusizana lodwayinge! Akukho namnye kuni oselekhe wangena kuloo nto. Nangoko, wabambelela kwelo Lizwi.

287 Wayelukhozi. Owu, bethu! Awunako ukuvala amehlo alo lonke ixesha. Hayi, hayi. Kwangoko, limi kwelo Lizwi, kwenzeka ntoni? Isibhaka-bhaka sabuya umva, iindudumo zaqalisa ukugquma, imibane yaqalisa ukulanyaza, waze uYobhi

wakhangela phezulu wabona umbono, wathi, “Ndiyazi ukuba uMhlawuleli wam uhleli. Yaye ngemihla yokugqibela Uyakuma phezu kwalo mhlaba. Nangona emva kokuba iimpethu ziwutshabalalisile lo mzimba, amathambo nako konke, loo Mandla adlisa ubomi ayakuba ekho. Ndiyakuzibonela uThixo, Endiyakumbona ngokwam. Amehlo am ayakumbona ingenguye wumbi.” Ingaba kunjalo? “Nangona emva kokuba ulawulo luya kutshatyalaliswa kunye nam, nakuba emva kokuba iimpethu ezisemzimbeni wam ngoku, ziyakuwutshabalalisa.”

<sup>288</sup> Uyazi, iimpethu azifiki kuwe. Iimpethu sele zikuwe kakade, iimpethu ezizezakho. Wakhe wayiqaphela loo nto? Bakufaka kwibhokisi yomngcwabo, bayivale ingangeni moya; imibungu iyakukudla uphele, ngendlela efanayo, kuba ikuwe. Uliqela nje lemibungu, indawo yokuqala, ngaphakathi.

<sup>289</sup> “Nakuba iimpethu, iimpethu zam zinditshabalalisile, inyama yam, nangoko ndisenyameni yam ndiyakumbona uThixo.”

<sup>290</sup> Kuyakuba ngaloo ntsasa yovuko ke! Uzuko! Haleluya! UMateyu, loo mbhali mkhulu, 27:51, wathi, “Emva kokuba waye evukile kwabafileyo, abangcwele beTestamente eNdala, abaninzi babo babelele eluthulini lomhlaba, baphuma engcwabeni, bangena kuwo umzi babonwa luninzi.” Laa Mandla adlisa ubomi, ese phezu kwaloo mathambo ka-Eliya xa kwakungasekho mathambo, esephezu koYobhi, xa kwasekungekho necephe lothuli olushiyekileyo kumzimba wakhe. Kodwa aMandla adlisa ubomi ayeselapho.

<sup>291</sup> “Ukuba uMoya owamvusayo uYesu kwabafileyo umi ngaphakathi kwakho, Uyakuwenza uphele nomzimba wakho onokufa.” Qaphela, ngokukhawuleza ngoku.

<sup>292</sup> Uthi, “Owu, ndinqwenela ukuba ndibe ndandiphila kudala...” Uphila kwilixa elingcono. Ngoku ukuba ninonke...

<sup>293</sup> Ndibona nibhala iZibhalo. Kulungile, bhala amaTesalonika wokuQala 4:16. Ubone ukuba kuhle kanjani na, 'yabona. Kwi...“Abangcwele, abo balele kuKristu, uyakubezisa uThixo kunye naYe,” 'yabona, abangcwele abasengcwabeni, bephumle. Njengokuba wayenjalo u-Eliya; abanye babenjengokuba wayenjalo u-Elisha; 'yabona, abanye babo bayakudliswa ubomi, abanye bayakuthatyathwa, abanye bayakuba sengcwabeni. Bayakuhamba naYe. “IXilongo likaThixo liyakuvakaliswa, baze abafele kuKristu bavuke kuqala. Size thina babudlayo ubomi basaseleyo sixwilwe sinyuswe kunye nabo, siye kuyikhawulela iNkosi emoyeni.” AMandla adlisa ubomi kwabaphilileyo; aMandla adlisa ubomi kwabafileyo. 'Yabona?

<sup>294</sup> Kwaloo Mandla adlisa ubomi kaThixo ayemelwe kubo bobabini aba baprofeti. Khangela amagama abo, aphantse

ayinto enye, Elisha, Eliya. 'Yabona uMtshakazi noMyeni? Omnye kubo nguMnu. Yesu; omnye ng-uNkosk. Yesu. Uyabona, iphantse yayinto enye, nje—nje kuphakathi kuka—kukaYona indoda noYena umfazi. 'Yabona?

<sup>295</sup> U-Eliya, ukhangele ke nendlela ekumelwe ngayo oko apha. Ngoku, u-Elisha... Wanyuswa wangena kuxwilo, emele iBandla, kulungile, u-Eliya; waze u-Elisha waphumla kwade kwafika uvuko. 'Yabona? Kufana nje nentaka, iswele iimpiko ezimbini ukuze ibe nokuzixhasa. 'Yabona? Ibandla lalimelwe kanye kule ndawo kwabo baprofeti babini. "Kuba thina sisabudlayo ubomi siyakuba sisekho ekufikeni kweNkosi, asisayi kubaphangela abalele ukufa; kuba iXilongo likaThixo liyakukhala," zihlangane zombini iimpiko, size sibhabhe simnke, haleluya, sibhabhe simnke. Kuba, (intoni?) kwabaphilayo, okanye kwabafileyo, loo Mandla adlisa ubomi asaphila.

<sup>296</sup> Qaphela. Khumbula, khumbula ngoku, udliswe ubomi ukuze uzibone ukuba ziyintoni na ezi zinto. Khangela aMandla adlisa ubomi walo mhla. Khumbula, sivuselwe ebomini. Kungekudala kwilixa elidlulileyo, ukuze ndincede. . .

<sup>297</sup> Kwaye ndi—ndicinga ukuba iNkosi yethu yathi okanye nguPawulos owatshoyo, "Oku uBawo andibonisa kona, andikugogodlanga. Ndinixelele." Kwaye kule mihla yokugqibela xa sibona aMandla aKhe adlisa ephezu kwethu, usinike naMandla adlisa ubomi, ukuze sibone abagulayo bephiliswa. Siwabonile aMandla Adlisa ubomi esebenza phakathi kwethu, njengokuba Ayenjalo phezu kwabo ngemihla yakuqala, 'yabona, 'yabona Abuyiswa ngombono nokuvuswa kwabafileyo, 'yabona Aphilisa abagulayo.

<sup>298</sup> Ngenye imini ndandithetha nomntu othile. UDonovan Weerts omncinane lo, ndiyaqonda ukuba niyamazi nonke. Ndandizingela kunye naye. Usizana lomfo omncinci... Ungumfo olungileyo omncinane. Uhamba apha enkonzweni. Uyaku... Ungumhlobo nje olunge kakhulu wam. Kwaye usandula... Wathi, "Bendingafuni kukumhlupha."

<sup>299</sup> Ndakhangela, yabe indlebe yakhe, ijikile yonke, umphakathi ungaphandle. Ndazi ndathi, "Kunjani, Donovan?" Ndambamba nje ngesandla, *kanje*, yabe ingumhlaza. Ndathi, "Donovan, yintoni ingxaki kwindlebe yakho?"

<sup>300</sup> Wathi, "Andazi, Mzalwana Branham. Kumalunga nesithandathu, isixhenxe seenyanga, oko isiya nje. . ."

Ndathi, "Kutheni ungenzanga nto nje ngaloo nto?"

<sup>301</sup> Wathi, "Be—Bendingafuni kuyenza loo nto kuwe, Mzalwana Branham."

Ndathi, "Uyayazi ukuba yintoni na?"

Wathi, "Ndinalo ufifi."

<sup>302</sup> Ndabeka nje isandla sam phezu kwakhe, andathetha neLizwi. Kwiintsuku ezimbini emva koko, kwakungekho nomkrwelo. Yintoni? NgaMandla adlisa ubomi, 'yabona, Ayakuwudlisa ubomi umzimba wakho onokufa. Indlebe yakhe yayiyakudleka isuke, ubuchopho bakhe ngebaphelayo, 'yabona, ngewafile. Kodwa, aMandla adlisa ubomi! 'Yabona?

<sup>303</sup> Kwaze ngenye imini xa ndandidiniwe, oku kwam, malunga...Ndathi, "Ukuba Wena...Mfo, kungcono uqhubele phambili, unamashumi amahlanu eminyaka ubudala. Wena, ukuba kukho into ozakuyenzela iNkosi, kungcono ungxame uyenze. Uyaluphala." 'Yabona? Apho ke ngaloo ntsasa, aMandla adlisa ubomi afika, waze Wandivumela ukuba ndikhangele ngaphaya komkhusane, ndaze ndanibona nonke ningaphaya. Aha. 'Yabona? Wathi, "Konke owakhe wakuthanda, nabo bakuthandayo, ubanikiwe." 'Yabona? Ndababona bonke phaya ngaphesheya ngaloo hlobo. Yintoni na? NgaMandla adlisa ubomi.

<sup>304</sup> UYohane uMtyhili wayezaliswe ngaMandla adlisa ubomi, owathi wema wabona isiphelo ukusukela ekuqalekeni.

<sup>305</sup> U-Isaya wayezaliswe ngaMandla adlisa ubomi, waze wema wabona iMillenium uphumlo lweminyaka eliwaka nayo yonke into.

<sup>306</sup> AMandla adlisa ubomi! "Kwaye ukuba uMoya owamvusayo uKristu kwabafileyo, umi ngaphakathi kwakho, Uyakuwenza uphile nomzimba wakho obuhlungu...umzimba wakho onokufa." Khumbula, aMandla adlisa ubomi!

<sup>307</sup> Khangela koko sikubonileyo ngaloo mhla. AMandla adlisa ubomi afikile kuthi, ukuza kuvula aMatywina aSixhenxe. Yayiyintoni loo nto, bubulumko bendoda? Hayi, ngaMandla kaThixo adlisa ubomi. 'Yabona, aMandla kaThixo adlisa ubomi axela kwangaphambili ukuba oku kuyakwenzeka. 'Yabona, aMandla kaThixo adlisa ubomi enza ukuba ihlabathi liKungqinele, kuyiNyaniso. INgelosi yeNkosi, ndanixelela, yayikho ikwiNtsika yoMlilo; aMandla adlisa ubomi enza ukuba ihlabathi lingqine ukuba loo Nto iyiNyaniso. Kwaye, kuloo nto, babengazi ukuba yaYiyintoni na; sabe thina sisazi, khangela nje *ngapha*, yaye YiNkosi yethu iphaya phezulu, uyabona.

<sup>308</sup> YiYo Eyavula loo Matywina. Ingawo loo Matywina, kuba iLizwi likaThixo liphela linguKristu, yaye uKristu ungaMatywina awavulwayo. Kukuthini ukuvulwa kwaMatywina ngoko? Kukutyhila uKristu.

<sup>309</sup> Yaye kwa ezo Ngelosi zisixhenxe, ezazimele aMabandla aSixhenxe onke egqityiwe, yaye sasingenako nokuyibona loo Nto. Ngabo abayibonayo, bawuthabatha umfanekiso, ingesithi. Kwaye nguYe lowo, emi apho, uMgwebi oyiNtloko; ebonisa

ukuba Yena ungu-Alfa no-Omega, isiqalo nesiphelo. Kokunjani ukuqondakalalisa! NgaMandla adlisa ubomi awenze loo nto kuthi.

<sup>310</sup> AMandla adlisa ubomi asenza ukuba sibone ukuza kwaKhe. AMandla adlisa asixwila asikhupha ekufeni sangena eBomini. AMandla adlisa ubomi asinika ukucalula iingcinga; ukwazi ukuba yintoni na engalunganga kuwe, nokuba makwenziwe ntoni na; yintoni na oyenzileyo, nokuba yintoni enge ungayenzanga; nokuba yintoni na emawuyenze, nokuba uyakuba yintoni na. AMandla adlisa ubomi, zizonke ezi zinto!

<sup>311</sup> INkosi yethu uYesu izaliswe ngaMandla adlisa ubomi kakhulu, YayinguWo ephela, ehlangene. Yayizaliswe kakhulu ngaMandla adlisa ubomi, Yathetha oku, “Wutshabalaliseni lo mzimba, ndaye Ndiyakuwuvusa ngeentsuku ezintathu.” Uthetha ngokuba nokuqiniseka kuMandla adlisa ubomi! “Wutshabalaliseni lo mzimba, ndaye Mna ndi...le tempile, ndaye Mna ndiyakuyivusa ngeentsuku ezintathu.”

<sup>312</sup> Kuba, wayetheni ukuze Athethe loo nto? Wayesazi ukuba kwakubhaliwe ngaYe, 'yabona, ukuba kwakubhaliwe oko ngaYe, ngeLizwi likaThixo elalingenakusilela. ILizwi lathi, “Andisayi kumyekela OyiNgcwele waM ekuboneni ukubola, nomphefumlo waKhe andiyi kuwushiya kwelabafileyo.” Kwaye Wayesazi ukuba aMandla adlisa ubomi ayakuMvusa, ukuze kungabikho neseli enye yomzimba eyakonakala.

<sup>313</sup> Wathi, “Yidilizeni le tempile, ndaye Mna ndiyakuyibuyisa kwakhona kwiintsuku ezintathu.”

<sup>314</sup> Kuba, yayisisiprofeto eso, iLizwi likaThixo. Kwaye isiprofeto, ukuba SiliLizwi eliyinyaniso likaThixo, asinakusilela. Kwaye kwa eso siprofeto neLizwi likaThixo lathi UyakuMvusa, sitsho ukuthi sele sivuswe kade kunye naYe. Akumangalisi ukuba abe Wathi, “Musani ukoyika.” Kwaye kubhaliwe, ukuba, “UMoya okhoyo ngoku, owawukuYe, ngoku ungaphakathi kuthi, ngokunjalo uwudlisa ubomi umzimba wethu onokufa.” Musa ukoyika, sihlobo, uS-o-n uphumile. UNyana uphumile. Hayi . . .

<sup>315</sup> Ngoku khangela kutshintsho. Sasikho, mntu ngamnye, simelwe apho. Kwakukho iingcwele eziphilayo ezaxixwiliwe, kwakukho u-Eliya emi apho; noMoses emi apho, abangcwele abafileyo eme- . . . Kananjalo, bebobabini babenaMandla adlisa ubomi. Nokuba omnye ufile na, abe omnye engazange afe, bonke babelapho.

<sup>316</sup> Qaphela, owu, khangela kulento siyibona ngale mihla yokugqibela. Ikwayiloo nto inye Wayithembisayo, kuYohane 14:12. Ngoku khangela. [Yindawo engenanto ekhasethini—Mhl.] Ngokuqinisekileyo.

Abantu bathi, “Ubanga ukuba unamandla?” Hayi, hayi, hayi.

<sup>317</sup> Sifana nje nabo babekwiNtaba yoTshintsho, 'yabona. Ngokuqinisekileyo, asibangi mandla. Kodwa, thina, njenga—njengokuba babenjalo...Phezu kweNtaba yoTshintsho, babengathi, uMoses, athi, “Yabona ubani, 'yabona ubani, 'yabona ukuba ndingubani na,” abafundi bathi, “'yabona ukuba ndingubani na, 'yabona ukuba ndingubani, 'yabona ukuba ndingubani na.” Niyazi ukuba kwenzeka ntoni na? Qaphela, babona uYesu esebuqaqawulini. Nantso kuphela into ababefuna ukuyibona imelwe, uYesu esebuqaqawulini.

<sup>318</sup> Kwaye kunjalo namhlanje, asizami kuba ngumntu omkhulu. Asikhathali nokuba abantu bathini na ngathi. Igama lethu akukho liyiyo; liGama laKhe elibalulekileyo. Ubomi bethu, akukho nto buyiyo; buBomi baKhe. NgaMandla aKhe, hayi amandla ethu. Kwaye inye kuphela into esithanda ukuyenza, kukubona Yena esebuqaqawulini. Ingenzeka njani ke loo nto? Xa Ezukiswe engaphakathi kuthi, ngovuko lwaKhe olungaphakathi kuthi. SiyaMbona emelwe kwakhona njengokuba Wayenjalo, namhlanje.

<sup>319</sup> Niyifumene loo nto? 'Yabona, umnqweno wethu asikokuba sizukiswe. Umnqweno wethu asilogama lithile likhulu. Umnqweno wethu asikokunyusa nkonzo ithile, okanye senze ukuba babe baninzi ngakumbi kwisikolo seCawe, okanye ukuzama ukungenisa, siba ruqo okwehagu, sibatyhale, senze izinikezelo ngepati yepikniki, okanye singenise abo baqamileyo, amaqhosha, okanye into ethile elolo hlobo. Asingomnqweno wethu lowo. Umnqweno wethu kukubona Yena ezukisiwe. Ezukisiwe, (intoni?) hayi ukuzidla okukokwethu; kodwa ngaphakathi kuthi, ubomi bethu, buqondakalalise ukuba Yena uyaphila ephila ngaphakathi kuthi.

<sup>320</sup> Ukuba ndinokususa isiqu sam endleleni, ukuze kube xa uWilliam Branham kungenakucingwa ngaye, ukuze nawe kungacingwa nokucingwa ngawe, side sibe nokubona uYesu ezukisiwe phakathi kwethu. Sibone Yena, nanko umnqweno wethu. Ngawo lawo adli...asinike aMandla adlisa ubomi. Oko ke kusinika uvuyo, ukwazi ukuba sikunye naYe, kokubini inyama nethambo laKhe, ngokuba nguMts Shakazi waKhe; nokubona kwa loo ndlela inye yaKhe yokungqina, iqondakalalisa kuthi ukuba Yena uvukile ngoku kwabafuleyo. 'Yabona?

<sup>321</sup> Akumangalisi ukuba wathi, “Musani ukoyika, kuba ngoku, qaphela, sihlangulewe nguYe, ke ngoku sivuswe kunye naYe. Nantso into ethetha yona iPasika ebantwini, “bavuswe kunye naYe”! Qaphela. Ngoku sinoMoya waKhe ngaphakathi kuthi, oko kukhutshwe kwisiqinisekiso sobunini soko kuhlawulwe ngokupheleleyo.

<sup>322</sup> Hayi, awuthi, “Ke, ndiyathemba ukuba ndiyakuphumelela.” Sele uphumelele. Hayi, “Ndiyakuphumelela.” Sele



ndiphumelele. Andizange ndiphumelele; nguYe owandiphumelelelayo. 'Yabona? Hayi mna; nguYe! "Ke, Mzalwana Branham, bathi . . ." Andikhathali nokuba bathini na. NguYe lowo waphumelela, esenzela mna. Nantso into endifuna yona, endiyikhathaleleyo.

<sup>323</sup> Ndifuna—Ndifuna nje ukubona Yena ebonakalalisiwe. Ungayenza njani loo nto, uyakuMbiza ehle? Hayi. Ungaphakathi kuwe. 'Yabona, Ungaphakathi kuwe. "Ke, ngoko, Nkosi, ukuba nje ndinokuzisusa endleleni, Ungabonakalalisa. Okwam . . . Ungayenza njani loo nto Wena? Ngokuba Wamisela ukuba kube njalo. 'Bonke aNdinike bona uBawo bayakuza.'" Qaphela. Uzuko!

<sup>324</sup> Ngabo bonke obo buGanga buqokelelwe, kunye nathi ngoku ngale ntsasa, owu, ndicinga ngelaa culo:

Ngaloo ntsasa yovuko,  
Xa iintambo zaphulwe,  
Siyakuvuka, (Haleluya!) siyakuvuka!

<sup>325</sup> Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Siyakuvuka! SikuYe siba yinxalenye yaKhe, iPasika, imfihlelo etyhiliweyo kaThixo njengokuba yayiyiyo ngoko, yoBomi emva kokufa. Singabaphilileyo ngoku, ababekhe bafa kwisono nezigqitho. ITywina lenene lePasika likwaphule ukufa obekusingqongile, ndaye ndingophilileyo. ITywina lePasika, ekuqalekeni, laphula itywina letywina lobuRoma, iTywina lePasika, awayetywinwe, kulo. Abantu ke, xa besifa, kwakuphelile; kodwa Waphula iTywina waza watyhila imfihlelo. Ke ngoku uThixo, ngoMoya oyiNgcwele waKhe, ulaphule iTywina elingqonge ubomi bethu, uKristu ke utyhiliwe njengoko Ephila ngaphakathi kuthi, kuba ngoku sidliswe ubomi kunye naYe. Owu, iphepha emva kwelinye!

Siyakuvuka, (Haleluya!)  
Siyakuvuka! (Amen!)  
Ngaloo ntsasa yovuko,  
Xa imivalo yokufa yaphukile,  
Siyakuvuka, (Haleluya!) siyakuvuka!

<sup>326</sup> Owu, awuvuyi wena! Ndivuya kakhulu mna! Phaya kude ezantsi phaya, kwishedana endala yamalahle ngenye intsasa, amatywinwa avulwa, ndaye ndavuswa kunye naYe, isidalwa esitsha. AMandla akhe adlisa ubomi; uNyana uphumile.

<sup>327</sup> Kungekudala kwixesha elidlulileyo, ndabaliselwa ibali malunga no—nomlobi. Umfo othile waphuma waqesha umlobi wakudala ukuba amkhuphe baye kuNxxweme lwaseNtshona. Baphuma ke ngaloo ntsasa.

<sup>328</sup> Ukuba kukho kuni owakhe waloba phaya ngaphandle intlanzi encinane isalmon, kuba, niyazi ukuba kuqhubeka ntoni na, kubakho inkungu ngokoyikekayo phaya ngaphandle.

Ndiyambona uMzalwana wam omncinane, u-Eddie Byskal, umseki wamabandla kumaNdiya phaya ngaphandle. Kwaye sakhe saloba, okwethu, ngaphandle kuloo manxweme.

<sup>329</sup> Ngoko loo mlobi wayeluhlobo loqalayo, uyazi. Waya kuloba, kwaye babeye bangene phakathi. Balindele ukuba kuthi qheke ukusa, uyazi. Kwaye ba—Kwaye babengenakuliva ixilongo lenkungu kwakhona, waze loo mlobi wothuka kakhulu, wathi, “Uthi, siya singena elwandle kakhulu! Heyi!” Wothuka kakhulu.

<sup>330</sup> Wathi, “Hlala phantsi, nyana. Hlala phantsi.” Umlobi omdala, wazola, uyazi. Wayeyazi into awayethetha ngayo. Wathi, “Linda nje lide ilanga liphume, ngoko siyakubona ukuba siphi na.”

Uthi, “Ndifanelwe kukuba ngumWisile? UmBhaptizi? OwakwaMoya?”

<sup>331</sup> Linda nje, iLanga liyaphuma, siyakubona ukuba siphi na. Yena uliLizwi. Linda nje ude ubone iLizwi libonakalalisiwe, likhanya phezu kweMbewu, iSikhwebu sokutshangathangiswa, siyakubona ukuba siphi na. NiyaMthanda? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

<sup>332</sup> Ndicela uxolo ngokuba ndinigcine ixesha elide kangaka. Bangaphi kuni abaza kulalisa kusihlwanje? Owu, nize nibuye kwakhona ngoko, ngolu rhatya, 'yabona. Malunga nentsimbi yesixhenxe? Ingaba beninaye omnye umntu? [UMzalwana Neville uthi, “Hayi.”—Mhl.]

Masithobe iintloko zethu.

<sup>333</sup> Ingaba ukho omnye apha, okanye abaninzi, abangenawo la Mandla adlisa ubomi kuni? UNyana ukhanyile kuyo yonke indawo, kwaye nikuhleli kulo Mnquba, niphulaphule amakhasethi ashicilelweyo, ukanti uMoya awuzange unidlise ubomi nide nibe nokulandela iLizwi likaThixo, ukuba kuni bafazi nakuni madoda ningathobela lonke iLizwi Awalibhalayo! Owu, yinto eyingozi leyo. Bekuyakuthini ukuba ubunokuba yimbewu efileyo, kungekho Bomi ngaphakathi kuwe? Kodwa kukho into ethile ngaphakathi kuwe, ekuxelelayo, “Ndi—Ndifuna ukuphuma, ngale ntsasa. Ndifuna ukuvela kule meko ndikuyo. Andifuni kuba yimbewu nje efileyo, ndishiywe eluthulini nakwimithi etyekezwe ngamanzi. Ndifuna ukuphuma.”

<sup>334</sup> Awunakuphakamisa isandla sakho, uthi, “Ndithandazele, mzalwana”? UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Bethu, khangela izandla; akukho ndawo yakuba ungabizela esiguqweni. Lento siyibiza ngokuba kukubizela esiguqweni, abantu bayeza bangqonge isibingelelo, andiyithandi kakhulu, phofu. Loo nto yongezelelwa nje kwibandla ngemihla yemvuselelo yobuWisile. 'Yabona?

<sup>335</sup> IBhayibhile ithe, “Bonke abakholwayo, ’yabona, babhaptizwa.” Likho iqula apha, lizele ngamanzi, lilindele nabani na osele elungele ukufa kwisiqu sakhe.

<sup>336</sup> Ngoku, usenokungcwatywa, ngamaxesha amaninzi, eGameni leNkosi uYesu; kodwa ingekabi buBomi loo mbewu, ’yabona, Ayisayi kudlisa bomi. Hayi, hayi, hayi. Ubhaptizo lwamanzi lufana nombethe ohla uvela ezulwini; ungayiwela imbewu, kodwa, kungekho Bomi apho, ayinakuphila.

<sup>337</sup> Kodwa ukuba olo bhaptizo lwenene lwamanzi, lokufa kwisiqu sakho, ube ulungele ukufa uphele kuyo yonke into owakhe wayifundiswa ngeemfundiso namahlelo emvaba, izinto ezichaseneyo neLizwi, uze uhambe njengonyana okanye intombi kaThixo, ube unyanisile kuloo nto entliziyweni yakho, ukhangele ukuba yintoni na eliyakukwenzela yona olo bhaptizo lwamanzi ngale ntsasa. “Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe iziphoso zenu, izono zenu, naye niyakusamnkela iSikhwebu, umnikelo wokutshangatshangisa. Niyakwamnkela uNdoqo, uMoya oyiNgcwele. Kuba idinga likuni, nakubo bonke. Kuzo zonke izizukulwana, liyakuya.”

<sup>338</sup> Bawo Thixo, ndi—ndithethe into ende, ndathatha ixesha elininzi labantu, kodwa, Nkosi Thixo, akukho kupheza kuloo nto. Kukhangeleka nje ngokungathi unokuyeka uhambe umnke, uphumle, uphinde ubuye. Siphila kwihlabathi elifayo, phakathi kwabantu abafayo; sinoMyalezo woBomi, sikwanobungqina bovuko. Thixo Othandekayo, sizakuba ngababhuhayo kube kanye kuphela, kuyakuba yintoni ke ukuba siliyekile eli thuba ledlula kuthi?

<sup>339</sup> Iintliziyo zethu ziyavutha; imiphefumlo yethu iyavuya; ngaba bathe bangena. Kwaye baninzi apha abawuvayo lo Myalezo ngale ntsasa. Ewe, mabini kungenjalo mathathu amakhulu aphakamise izandla zawo. Bafuna ukukholwa, Nkosi. Owu, ngokuqinisekileyo loo mbewu ayifanga, Nkosi. Bebenokuziphakamisa kanjani izandla zabo ngolo hlobo? Ikho into ekhoyo. Owu Thixo, ubuntu obudala, yinkosikazi kaYobhi, imi apho, isithi, “Owu!” kodwa, Nkosi, makathi uYobhi, eloo kholwa, angene, ngale ntsasa, afe ngokupheleleyo, angcwatywe apha kolu bhaptizo lwamanzi.

<sup>340</sup> Amathontshi ombethe avela eZulwini, iLizwi likaThixo elithi liyakuhlamba lisuse sonke isono lisixolele! Ubhaptizo eGameni likaYesu Kristu, kusenzelwa ntoni? Uxolelo lwezono, izono zicinywa eGameni likaYesu Kristu.

<sup>341</sup> Wanga, ngoko, Bawo, wanga... Ukuba bayagula, banga bangahamba bephilile. Banga, ukuba bazizilima, banga bangahamba baphume phantsi kwaMandla kaMoya oyiNgcwele. Ukuba bebengaboni, banga bangahamba baphume behlanjwe becocekile. Ukuze ubuxhaka-xhaka,

ngokungena phakathi; uNdoqo owenza into isebenze ehle evela ngaseNtla, uMoya oyiNgcwele, ubaxwile, umnke nabo, Nkosi. Udise ubomi umzimba wabo onokufa, ngoko siyakuva iilwimi zenene ezintsha, amandla kaThixo, uthando olungenambaliso, ubabalo olufayo nobabalo oluphilayo; noKristu ovukileyo, uMzimba, uMthakazi emele Yena phezu komhlaba.

<sup>342</sup> Bawo, bangabaKho. Baziphakamisile izandla zabo. Mna ndishumayele iLizwi. Ngoku, Bawo, bamnkele, ndiyathandaza. EGameni likaYesu Kristu, ndicela oko. Amen.

<sup>343</sup> NiyaMthanda? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Akamangalisi Yena? [“Amen.”] Nanelisekile kukuba yinxenye yolo vuko lwePasika, kukuba uvuke kunye naYe? [“Amen.”] Phakamisa isandla sakho. Ubalelwe phakathi.

<sup>344</sup> “Bantwanana bam,” njengokuba uPawulos ebenokutsho. Hayi ngokuzama ukulinganisa yena, kodwa, uthando, ndiyanihanda. Ndivuthuza ezindleleni, nakuyo yonke into, ukuba ndize apha, ukuze ndibe nokuthetha nani. Ndinyuka ndiphuma entlango, ndinqumla kwimifula enekhephu, njalo njalo, ukuza kufika apha. Sibhabha ngeenqwelo-moya. Siqhuba sinqumle ilizwe, ukuze sibe nokuhlangana. Sinothando omnye komnye.

<sup>345</sup> Singamalungu omnye elomnye. Ningakhe nimvumele uSathana anixelele ukuba akukho nto niyiyo. Ngokuba lilungu omnye elomnye, siyinxenye yaKhe. Kwaye singabemi kunye kobo Bukumkani, sixhamla ezi ntsikelelo, kunye, zovuko.

<sup>346</sup> Ke ngoku, 'yabona, ngoku sele ungovukileyo. Xa uThixo waMvusayo, Wavusa wena. UNyana ngoku uphezu kwakho nje, yaye ngoku ukhulela ekubeni kuBomi obudubuleyo njengokuba enjalo Yena, ukuze ube ngovukileyo ngokupheleleyo ngaloo mhla wokugqibela. Oko unokuba nako, unako ngoku. Wazi kuba? Umphefumlo wakho utshintshiwe, awutshintshwanga? Umzimba wakho uze ngokuthobela Lona, akunjalo? Ekuthobeleni (ntoni, ibandla?) iLizwi, lona libuBomi, ngoko khona ngoku uvusiwe kwabafuleyo. YiPasika, kunye noYesu kunye nam. YiPasika, kunye nawe noYesu. Kwaye yiPasika, kuwe, mna, kunye noYesu. Sisonke... Kungenjalo uYesu, wena, nam, sisonke sivuswe kunye.

<sup>347</sup> Kwaye siyakuphuma ngomhla wokugqibela, nakuba umoya wethu uyakuyishiya imizimba yethu, nkqu nokuba imizimba iyakuba luthuli, ingaya eluthulini, ingatsha iphele, ingasemazantsi kwinzonzobila yolwandle. IBhayibhile ithe, “Ingelosi yasigalela phezu lolwandle esayo, yathi yonke into eyayifele apho yaphuma.” Akukho nto inokusifihla, okanye isahlule, kuloo Thixo simthanda ngokugqibelele kangako, owathi wasivusa sikunye.

<sup>348</sup> UThixo anisikelele. Ndinigcine ixesha elide apha. Ukuba abo bantu basekho kulaa mnxeba, ngokuqinisekileyo...

Ngamashumi amahlanu eesenti ngomzuzu, bahlawule ngenene, ngale ntsasa. Kodwa, andikwazanga nje ukuma ngalaa yure, kuye kwanyanzeleka ukuba ndiqhubele phambili.

<sup>349</sup> Ngoku, iNkosi ithandle, ndizakubuya kwakhona ngokuhlwa, ukuza kuthetha nani kwakhona. Ukuba ndinokuba nako, ke ngoko ninonke... Ndiyathemba ukuba asikho... okanye hayi... Asisekho emnxebeni? Hayi asisekho emnxebeni.

<sup>350</sup> Niyazi nonke ukuba ndiyaphi na, anazi? E-Afrika! Ndiye ndabiza ithuba elide; yiminyaka ndizama ukubuyela khona. Ngoku umbono, uMoya weNkosi uyilungisile indlela. Bathe, xa bathe abo bantu balusizana belo lizwe bawuva, ukuba andikwazanga kubuyela ngexesha elidlulileyo xa ndandilapho, bawa phantsi emhlabeni imini nobusuku, bakhhalaza bakhala, besithi, “Nkosi, senze ntoni?” Amawaka abo. Abo bantu kungakholwa nokuba banawo umphefumlo. ‘Yabona? Baze bakhala bakhhalaza, baze balila.

<sup>351</sup> Ningakhe nithumele lizwi kwangaphambili. Nincede ningenzi njalo. ‘Yabona, ukuba laa visa kungenzeka ukuba iphumelele apho ize ingene loo nto phakathi kwabo balungiseleli, bangandimisa kanye kuloo ndawo. Kuyanenzeleka ukuba ndingene njengomzingeli. Ndizakunyuka ndiye kulaa kumkanikazi wezisa ishumi elinesixhenxe leenqwelo zikaloliwe wazihlisa weza enkonzweni. Kuyakunyanzeleka ndinyuke ndiye kuzingela kumhlaba wakhe. Kwaye ndiyangena, ipaspoti yam nayo yonke into indibiza ngokuba ndingumzingeli, hayi inkonzo yokholo.

<sup>352</sup> Ngoko kuyakubakho omnye umzalwana endiya kuhlangana naye, athi, “Kutheni ungasiqhubeli inkonzo encinane nje?” Amabala amakhulu ezemidlalo sele ehlawulwe. Abayazi nokuyazi loo nto. ‘Yabona? Owu, uzuko!

<sup>353</sup> Thandazani ukuba intando kaThixo uzabi nakuthintelwa. Eyokuba, umphefumlo wam othe walilela i-Afrika ukusukela oko ndemkayo, ndanga ndingakwazi ukubuyela khona kwakhona, ndize ndiniphathele umyalezo wenkonzo enkulu. Ndiyaqonda ukuba andiyi kunibona kwakhona, ukusukela namhlanje, ndide ndibe ndibuyile. Siyahamba, kwiintsuku nje ezimbalwa ngoku, ngomhla weshumi kuMeyi. Niyakundithandazela? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

<sup>354</sup> Khumbula, awuzazi ukuba ziingxaki zini na, ude ufike apho; amaxhwele kuyo yonke indawo, nokungcola, ungacingi ukuba abayazi into amabayenze. ‘Yabona? Kwaye kungcono ukuba uyazi into othetha ngayo, xa umi phambi kwawo. “Kodwa ndiyamazi ndikholwe nguYe, kwaye ndeyisekile ukuba Unako ukukugcina oko ndiMphathise kona kude kube yiloo mini.”

Ngoku, kukho uhlobo oluthile lweetshefu olulapha.

<sup>355</sup> Thixo Othandekayo, njengoko lo Myalezo ngale ntsasa wovuko, ndibe mna ndimi apha, Nkosi, ndiqondakalalisa

ngeLizwi ukuba loo Mandla adlisa ubomi akumntwana okholwayo. Ngoko ke, ngokukholwa, ngokholo, ukuba loo Mandla adlisa ubomi abuguqule ubomi bam. Baye aba bantu bayakholwa, Nkosi, yaye Abutshintshile ubomi babo. Siyathandazelana ke.

<sup>356</sup> Ndibeka izandla zam phezu kwezi tshefu, ukuze . . . Wanga uThixo, Owamdlisa ubomi uYesu Kristu waMnyusa kwabafileyo, waze loo Moya waMvusayo kwabafileyo, wabe uhleli kumzimba wethu.

<sup>357</sup> UMoya owawuphezu komzimba ka-Elisha, owathi, emva kokuba wayefile kungekho nto ingamathambo kuphela, abe enaMandla adlisa ubomi kuwo. Izandla zabapostile zazinaMandla adlisa ubomi kuzo. Iingcinga zabapostile, ukubona kwabapostile, ii-iilwimi zamakholwa, zonke zazinaMandla adlisa ubomi.


<sup>358</sup> Ngoku anga aMandla adlisa ubomi, njengoko ndibeka eli Lizwi phezu kwabo, nezandla zam ukuze zimele onawo, ngobabalo, loo Mandla adlisa ubomi, anga Angadlisa ubomi ngamnye kule mizimba igulayo, baze baphiliswe, Thixo, ngeGama likaYesu Kristu.

<sup>359</sup> Kwanga akungenziwa ngenxa yezi tshefu kuphela, koko ngenxa yabo bantu bangaphandle esihlweleni, wonke umntu obulalekayo. Abo bantwana bancinane, abantu abadala, nantoni na abayiyo, anga loo Mandla adlisa ubomi angabaphilisa khona ngoku, eGameni likaYesu. Amen.

<sup>360</sup> Ngoku, bangaphi abanawo aMandla adlisa ubomi. [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngoku beka izandla zakho omnye komnye. Ukuba loo Mandla adlisa ubomi angaphakathi kuwe.

<sup>361</sup> Ngoku, inye kuphela into enokuWenza, iwathintele, kukungakholwa kwakho. Umfazi othile wachukumisa ingubo yaKhe, waze waphiliswa; ijoni lomRoma latshicela kuYe ebusweni, laze laya esihogweni. 'Yabona? Ngoko kwaku . . . kuxhomekeka ekubeni uphi na. Niyakholwa yiloo Nto? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Niyakholwa yiloo Nto?

<sup>362</sup> Ngoku ndifuna ukuba uthobise intloko yakho nithandazelane. Thandaza—thandaza nje uphumelise, yithi nje, "Nkosi, lo mntu . . ." 'Yabona, thandazelanani nje.

<sup>363</sup> Thixo Othandekayo, senza oku eGameni likaYesu Kristu, iGama ekuphela kwalo elinikiweyo phakathi kwabantu esiyakusindiswa ngalo okanye siphiliswe. Aba bantu, bangabemi kunye boBukumkani, bangabo banaMandla adlisa ubomi, Wavuselele kubo, Nkosi, khona ngoku. Kwaye wanga uMoya ungasuka kukhozi uye kukhozi, usuke kwiLizwi uye kwiLizwi, ide inzaliseko kaYesu Kristu yenziwe ibonakale kumzimba ngamnye kule, ukwenzela okwenyama, okomoya, okanye nayiphi na intswelo ebebeswele yona, njengoko sibeka izandla omnye komnye. EGameni likaYesu Kristu. 

*KUKUPHUMA KWELANGA* XHO65-0418M

(It Is The Rising Of The Sun)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe kusasa umhla we-18 kuEpreli, ngowe-1965, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, eIndiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-2008 ngabe:

XHOSA

©2008 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)